Ukuphumela Ngaphaya KwemiNquba

Masiqhubeke simile nje ithutyana.

Thixo Othandekayo, sinombulelo kuWe ngeli lilelinye icham lokuma endlwini kaThixo kwaye sinqule uThixo ophilayo. Sinombulelo kakhulu wokuba sisaphiwe elicham emhlabeni. Kwaye ngoku sinombulelo ngaba bantu banyanisekileyo, ngokunjalo, Nkosi, abazileyo kwimayile ezininzi, amakhulu eemayile, abaninzi babo. Kwaye abanye babo bayakuzama uku—ukunyanzela indlela yabo ukujika, ngobubusuku, ezantsi kwimigaqo ephezulu, ukunqumla imigaqo ephezulu. Thixo, ndiyathandaza ukuba Uyakuba nabo kwaye ubancede. Bakhokele, Owu Bawo. Sibulela Wena ngolufazana luncinci lwemvula ethe yasipholisela umoya, okwethutyana.

2 Kwaye, Bawo, siyathandaza ukuba Uyakuhlangana nathi ngobubusuku eLizwini Lakho. Ngokuba, sesosizathu sihlanganisene, Nkosi, kukudibana naWe eLizwini. Sincede, Nkosi, okokuba ukuhlangana kwethu kuyakuba yinzuzo enkulu eBukumkanini Bakho, nokokuba sibe nokuncedakala kakhulu, ukuba sibe nokunceda abanye. Siphe ezi zinto sizicelayo, eGameni likaYesu. Amen.

Ningahlala.

3 Ukuba nolumbalwa nje udliwano ndlene lwabucala khona phaya. Kwaye nje ngaphambi kokuba umhlangano uqalise, uBilly undinike owona u—umthwalo wazo de kwanzima ukwazi ukuba yeyiphi indlela e—emandiqale ngayo. Kodwa siyathandaza ukuba—ukuba uThixo uyakunisikelela ngemigudu yenu yokuhlala nigqithise ngenkonzo yangorhatya.

4 Ngoku, uThixo ethandile, kusasa ngeCawa elandelayo ndiyakuba ndine—nenkonzo kwakhona. Ndithethe nje kumalusi, kwaye kulungile konke ngakubo.

5 Kwaye ngoku ndinqwenela bendinexesha lokuqonda sonke isihlobo endithe ndanaso khona apha, kodwa ndiyazi niyalinda. Kushushu. Kwaye ndi—ndiyakulishiya elaxesha, ndize—ndize nje nditsho oku, "UThixo anisikelele."

6 Niyazi, andazi nanye into enkulu anokuthi nabani andicelele yona, kunokuthi, "UThixo akusikelele." Yabona? Ukuba Uyakuyenza lonto, yilonto kuphela endiyidingayo, nje—nje oko. Ndicinga lelona gama likhulu kwi—kwintetho, "UThixo akusikelele." Kwaye, ngoku, kwaye ndiyazi Uyayenza.

7 Kwaye njengoko nditshilo kumfazi kwithutyana elimbalwa eligqithileyo. Bendi—bendizama ukuhlamba, ndaza andakwazi ukoma. Bendiya—bendiya kuzomisa, kwaye emva koko bendisiba manzi kwakhona. Bendiyakuzomisa, kwaye bendingenakho ukunxiba ihempe yam, nayo. Kwaye kohlukile kancinci ngaphandle eTucson. Kumalunga ngokuphindwe kabini obu bushushu, kodwa ngoko a—akunako kwaphela ukubila. Akukho—akukho kufuma emoyeni, ke iyayomisa kwamsinya nje uphuma. Ubeka imbiza yamanzi phaya, kwaye amkile. Akunakubila, ngoba kuyakuthabatha kuwe ngaphambi kokuba u—u—ungabila. Uyabila, kulungile, kodwa akusokuze ukubone. Ke, apha, bendizama ukuba nexesha elibi lokomisa. Ke, kwaye ndi—ndithe tixi kanye ngoku.

8 Bendisemva egumbini phaya, kwaye besinesixhenxe okanye isibhozo sabantu ngaphakathi, ebebengxamisekile, kwaye bekufanele babonwe ngoko nangoko.

9 Ngoku, isizathu endinenze nahlala, kwaye ndanicela ni—nize, kungokuba ndi—ndiva ukuba kuyi—kuyinzuzo kuthi. A—andinakuyenza lonto, zihlobo. Ndi—ndicinga lukhulu ngani, ukuba ndenze lonto, nje ukuza u—ukuva umntu othile, okanye ukuphulaphula koko bendiyakukutsho, okanye into ethile. Be—bendingenakuyenza lonto. Ibingasayi kuba yelungileyo. Ibingasayi kubonakalisa luthando lwam kuni, nje ukuza ngolohlobo. Kwaye andikholwa ukuba nize . . . Nakubeni, ndiyazi ukuba niyandithanda, njengoko ndinithanda. Kwaye—kwaye ke ndi—ndi—ndiyakwazi oko, okanye beningayi kuzenza izinto enizenzayo. Ke ndicinga ngokukhulu ngani, okokuba andinakunenza nihlale ebushushwini kunye nezinto, ezinje ngezi, ukuba bendingacingi ukuba ibiyinto ethile yokuninceda.

10 Ngoko, ngaphambi kokuza apha, ndisoloko ndizama ngokungcono kwam, phambi koThixo, ukuchonga into encinci ethile, iSibhalo senye indlela, ndize ndicele inkokhelo Yakhe, into yokugqibela ngaphambi kokuhamba. “Nceda, Nkosi Thixo, ngandlela ithile, banike—banike konke Onako bona abantu abalungileyo.”

Kwaye ndilindele, kwaye ndikholelwa, okokuba ndiyakusoloko ndihleli kunye nani. Ndiyakholwa ukuba esi sesona sithuba sifutshane esinaso, ngelithuba simile sonke ngoluhlobo. Siyakuba kunye kuNaphakade. Yabona? Ndiyakwenza oko. Ndi—ndi—ndiyakholwa koko.

Kwaye ndifuna ukuninceda. Kwaye ndi, ukuba nditsho nantoni engalunganga, uBawo waseZulwini uyazi asikokuba ndijonge ukuyenza lonto; kungokuba ndiyenza ngokungazi; ndiyakube ndiyenze ngokungazi.

11 Ngenxa yoko, ndisazi kuba niluxanduva lwam, kwaye nisezandleni zam, ngenxa yeVangeli, ndiyakusoloko ndifuna ukunigcina nilungile kumacwecwe ale Bhayibhile. Kwaye—kwaye ndi . . .

Ngamaxa amaninzi abantu bazile kum, baze bathi, "Mzalwana Branham, ukuba ungaphumela nje apha uthi 'ITSHO INKOSI' kumntwana wam omncinci ogulayo, iyakuphila. Phumela phaya uze nje uthi, 'Iyakuphila.' Yilonto yonke endifuna wena uyenze."

12 Ngoku, oko kuthembekile kwaye kuyathandeka. Indlela endiyincoma ngayo! Kodwa, uyazi, andinakuyenza lonto ade Andixelela, kuqala. Yabona? Ndingathandaza ngomntwana, ndenze konke endinako.

Kodwa, uyabona, kungathini ukuba ndinokuphumela phaya phantsi kokuthabatheka ndize nditsho oko? Yabona, ukuba ndithe, "ITSHO INKOSI," iyakuba nje ngu kutsho ukuthabatheka kwam. Yabona? Yabona? Kwaye isenokwenzeka, kwaye isenokungenzeki. Kodwa, ngoko, kungathini ukuba kwala mntu mnye uphantsi kokuthabatheka kwam, kwaye ingenzeki? Ngoko, la mntu angaba kwi—kwingxaki ngaxesha lithile phakathi kobomi nokufa, ngoko kuyakuba kuphi ukuthembela kwabo? Bayakoyika okokuba ndiyakube ndiphantsi kokuthabatheka kwakhona. Yabona?

Ke, xa ndiyitsho, ndifuna ukunyanisa ukufa ukuba ilungile, ngako konke endikwaziyo. Kwaye xa Ethetha kum, ndingatsho nje oko Andibonisa kona. Nokuba kuhle okanye kubi, kufanele ndikutsho. Kwaye ngamanye amaxesha aku—akumnandanga ukuxelela abantu ezo zinto. Kodwa, noko, ndingobophelelekileyo nje ekubeni ndibaxelele abantu i—izinto ezimbi eziyakubehlela, njengoko ndingobophelelekileyo ukubaxelela bona izinto ezintle eziyakubehlela.

13 Kwaye, emva kwako konke, sifuna intando yeNkosi. Ngamanye amaxesha intando yeNkosi ichasene kwiminqweno yethu. Kodwa, kunjalo, ukuba sifuna intando yeNkosi, kuhle nje kakhulu ukwazi ukuba ububi buyakusehlela, ukuba yintando yeNkosi. Nokuba intle okanye imbi, yintando yeNkosi esifuna yenziwe. Kwaye ndiyazi sijonga kuyo ngolwa hlobo.

14 Ngoku, ndi—ndiyazi abazalwana apha basoloko beba namashumi amathathu emizuzu, amashumi amabini ukuya kumashumi amathathu emizuzu omyalezo ngeCawa ebusuku. Kwaye a—andazi nokuba ndingakwenza oko okanye hayi, ke ndi—ndiyakwenza nje ngokungcono endinakho.

15 Ngoku, ndicinga ukuba kukho inkonzo yobhaptizo kwakamsinya emva koku. Ndivile babhaptize iqela elikhulu labantu ngale ntsasa. Ngokuthe rhoqo, kukho ubhaptizo oluqhubekekayo apha, lonke ixesha. Abalungiseleli,

amaWisile, amaBhaptizi, amaRhabe, ibandla likaThixo, amaLutere, nantoni eyiyiyo, bayeza baze bhaptizwe eGameni le "Nkosi uYesu Kristu."

Kwaye phambi koThixo, xa kufanele ndime kwiSihlalo soMgwebo, kufanele ndiphendule ngokuya. Kwaye ukuba bendicacelwe nje ezingcingeni zam, zokugwetyelwa kwinto yonke ebomini bam njengoko ndinjalo ngokuya, bendiyakuba ngolilungeleyo uXhwilo kanye ngoku, ngokuba ndiyazi ukuba oko yiVangeli yeNyaniso. Yabona? Oko yiNyaniso.

16 Akukho nasinye iSibhalo eBhayibhileni apho nabani wakhe wabhaptizelwa nakweyiphi engenye indlela kodwa eGameni likaYesu Kristu. Umyalelo ka "Yise, Nyana, noMoya oyiNgcwele," kuphela . . . "Hambani ke ngoko, nibafundise kuzo zonke iintlanga, nibabhaptizele eGameni likaYise, Nyana, Moya oyiNgcwele." Hayi ku . . . hayi ukubiza ezi zihloko phezu kwabo; kodwa babhaptizeleni e*Gameni* likaYise, Nyana, Moya oyiNgcwele, ntoleyo ingu "iNkosi Yesu Kristu."

17 Wonke ubani eBhayibhileni wabhaptizelwa eGameni likaYesu Kristu. Kwaye iBhayibhile itshilo, ukuba, "Lowo uyakuthi aphungule nalinye iLizwi kuYo, okanye ongeze igama elinye kuYo, nangayiphi indlela, usizi kubo." Ke ndinokwaneleyo endifanele ndoyike malunga nako, ngaphandleni kokongeza into ethile okanye ndiyisuse esiBhalweni.

Indifake engxakini amaxesha amaninzi, kodwa ndihleli kanye apho. Ulukhuselo lwam. Indenze ndazahlula kwizihlobo ezininzi. Bamkile kum ngenxa yalonto. Kodwa nje okoko ndisagcine loMhlobo apha, iNkosi uYesu! Kwaye UliLizwi. Akukhathaliseki, nokuba ingamagingxigingxi indlela, inzima indlela, Uza ngendlela enye. "Kwaye ukuba babiza uMninindlu 'Bhelezabhule,' kobekelaphi ukubabiza abo bangabafundi Bakhe?"

18 Ngoku iNkosi ibenani nonke kwaye inisikelele kuyo iveki, kwaye ininike okungcono endinokuthandazela ukuba uThixo aninike, ngumthandazo wam.

Ngoku sizakufunda kwelixabisekileyo iLizwi.

19 Kwaye—kwaye ngoku khumbulani, kwakhona, ngoLwesithathu ebusuku . . . Ingaba kukho inkonzo yomthandazo waphakathi evekini okanye nantoni na? [UMzalwana uNeville uthi, "Lwesibini, umthandazo wasendlini, ngoMvulo kunye noLwesibini ebusuku."—Mhl.] NgoMvulo kunye noLwesibini ebusuku yimihlangano yomthandazo wasendlini. Ndiyaqikelela abantu bayazi.

20 UMzalwana uJunior Jackson, ingaba usesakhiweni? Ndi . . . Mzalwana Jackson, andi . . . [UMzalwana uNeville uthi, "Ewe, kanye ngapha."—Mhl.] Ulapha, uMzalwana Jackson. Kulungile. Ndi—ndi . . . Omnye uMzalwana Jackson apha, ndi . . .

Kwaye uMzalwana uDon Ruddell, ingaba ulapha esakhiweni ngobubusuku? Mzalwana Don, khona ngapha.

Kwaye abaninzi babo abazalwana, ndiyababona abazalwana apha abasuka e-Arkansas, kunye neLouisiana, kunye—kunye neendawo ezahlukileyo jikelele elizweni.

21 Kwaye ndinothile, omdala umzalwana apha ngobubusuku, ngokunjalo. NdinoMzalwana uThomas Kidd ehleli khona ngapha ekunene, enamashumi asibhozo anesine eminyaka ubudala kwiintsuku ezimbalwa. Kwaye malunga nesithathu okanye isine seminyaka egqithileyo, watyandelwa ingxaki yomhlaza wamadoda, kwaye wayesifa ngumhlaza. Ugqirha wamlalisa nje ukuba afe. Kwaye ndiphantse ukumosha inqwelo yam endala, ukuya kufika kuye, phezulu e-Ohio. Kwaye iNkosi uYesu yamphilisa kakuhle nalungileyo. Kwaye nanku, yena kunye neqabane lakhe elincinci, ngobubusuku. Kwaye abaninzi benu niyabazi; mhlawumbi abanye ababazi. Kodwa nantsi indoda kunye nomfazi ababeshumayela iVangeli phambi kokuba ndizalwe. Cinga ngoko, kwaye ndiyindoda endala. Yabona? Ngoku, ndijonga kubo, kwaye bona besahamba, ngoku ndithabatha inkuthazo.

Sonke kuthi siyamazi uMzalwana uBill Dauch ehleli apha ecaleni.

22 Kwaye, owu, sinonjani umbulelo ngazo zonke iintsikelelo ezinkulu zikaThixo! Zanga zingaqhubekeka zibe nathi lide ixilongo lokugqibela lihlokome kwaye, niyazi, “Siyakuxhwilelwa sonke ngokudibeneyo, ukuhlangana neNkosi esibhakabhakeni.” Yicinge lonto! Abanyamaleleyo abantu, abasayi kukubona kwakhona, kodwa uyahlangana kunye neqela lonke.

“Abo abasabudlayo ubomi baya kuba besekho ekuFikeni kweNkosi abasayi kubaphangela, okanye kubathintela,” igama lithi, “abo baleleyo,” hayi abafileyo. Hayi, amaKristu akafi. Bathabatha nje ukuphumla okuncinci, yabona. Yilonto yonke. Owu, bethu! “Kwaye ixilongo likaThixo liyakuhlokoma; kwaye abafele kuKristu bayakuvuka kuqala,” babonakale kwabaninzi. Kwaye bonke ngaxeshanye, kwenzeka ukuba ume kwaye ujonge, kwaye, kulungile, nankuya umzalwana, kwaye uyazi aliselide. Kwimizuzu embalwa, “Siyakuguqulwa, ngesiquphe, ngokuqhwanyaza kweliso. Kwaye ngokuhlangane kunye nabo, sinyamalale emhlabeni, sixhwilelwe phezulu ukuya kuhlangana neNkosi esibhakabhakeni.”

23 Kwaye, ukucinga, nako konke esikubonileyo eZibhalweni, nobungqina obucacileyo beyure esiphila kuyo, inokwenzeka phambi kokuba inkonzo iphele, cinga nje ngoko, ngobu busuku.

Ngoko, ngako oko, sisondela eLizwini Lakhe, ngelixa sityhila kumaHebhere isahluko se-13, kwaye sizakufunda

ukususka kumqolo we-10 ukuya kumqolo we-14. SamaHebhere i-10 kwaye . . . okanye, okanye uxolo. AmaHebhere i-13:10 ukuya kwi-14.

24 Ngoku, njengoko benditshilo, si, xa sibhambathisa kumbuso kwiflegi yethu, ntoleyo ilungileyo, ndi . . . Sisoloko sisima ngelixa sibhambathisayo kumbuso. Kwaye zonke ezinye iziganeko ezikhulu, si—siyema ukunika intlonipho kwi, okanye sikhahlele, nanjalo njalo, kwisizwe sethu. Kwaye xa bedlalayo u *The Star-Spangled Banner*, siyema sinike imbeko.

25 Kwaye njengamojoni obuKristu, masime sinike imbeko ngelixa sifunda iLizwi likaThixo. Phulaphulisisa ekufundweni kweLizwi. Isizathu endithanda ukulifunda Lona; amazwi am angasilela, kodwa Awakhe akasokuze. Ke ukuba ndifunda iLizwi Lakhe, lodwa, niyakusikeleleka. Umqolo we-10 wesahluko se-13 samaHebhere.

> *Sinesibingelelo thina, abangenagunya lakudla kuso abo bakhonza umnquba.*
>
> *Kuba ezo zinto ziphilileyo, zigazi lazo lingeniswa ngenxa yesono kweyona ngcwele nguye umbingeleli omkhulu, zitshiswa ngaphandle kweminquba.*
>
> *Kungoko athe noYesu, ukuze abangcwalise abantu ngelilelakhe igazi, weva ubunzima ngaphandle kwesango.*
>
> *Masiphume ke ngoko siye kuye ngaphandle kweminquba, sithwele ingcikivo yakhe.*
>
> *Kuba apha asinamzi uhleliyo, kodwa singxamele lowo uza kuza.*

26 Nkosi Thixo, Onoxanduva ngeli Lizwi, kwaye enoxanduva lokulinakekela Lona ukuhla ngazo izigaba, ukubona ukuba Liza kuthi lingakrexezwanga. Linyulu, iLizwi elimsulwa lika Thixo. Sililondoloze kakhulu Lona ezintliziyweni zethu ngeli thuba. Qhekeza esi siqendwana, Nkosi, usenze sibe ngumxholo wethu, ngobubusuku; ukuze thina, abantwana bomntu, sibe nokuqonda ukuyalela kukaThixo. Kuba sikucela oko eGameni likaYesu. Amen.

27 Isifundo sam ngolu—ngolurhatya ngu: *Ukuphumela Ngaphaya KwemiNquba*. Iluhlobo oluthile lwesifundwana, esincinci esingaqhelekanga, kodwa, uyazi, sisoloko simfumana uThixo kwizinto ezingaqhelekanga. Ihlabathi lingena kwizinto ezizizithethe, de, nantoni engaxhaphakanga ekuxhaphakeni kwesiqhelo, iba yengaqhelekanga.

Njengoko ndishumayele apha kwiintsuku ezimbalwa ezigqithileyo, apha emnqubeni, ku: *OngaQhelekanga*. Kwaye umfama ungongaqhelekanga kusomashishini; usomashishini ngongaqhelekanga kumfama. UmKristu ungongaqhelekanga

kwikhol-. . . ongakholwayo, nanjalo njalo. Kufanele ukuba ube sisidenge sothile. Ke, nantoni engaqhelekanga, ikwenza uhlobo oluthile lwesidenge, eku—ekuxhaphakeni kwesiqhelo.

28 Kwaye ngoko ke, abantu bakaThixo, kunye nabaprofeti Bakhe, kunye nabathunywa Bakhe—Bakhe kuso isigaba, abathwala uMyalezo Wakhe ukusuka eLizwini, babethathwa okwezidenge, kongaphandle.

29 UNowa wayesisidenge, kwihlabathi elalikrelekrele kakhulu lakhe awayeshumayela kulo. UNowa. . . Wayesisidenge ngenene, kuFaro; enonyawo lwakhe kwisihlalo sobukhosi aze emva koko abushiye, ngenxa yegquba labombi bodaka, njengoko babecinga. Kwaye uYesu wayesisidenge, ebantwini. Kwaye bonke kubo abasebenza baza baphilela uThixo, babethathwa izidenge. Kwafanela baye ngaphaya kweminquba ababenayo.

30 Ngaphezulu ngangaphezulu, ndenziwe ukuba ndikholelwe ukuba abantu abafikeleli kuKristu.

Ngoku, ndilapha ukuzama ukunceda ngandlela yonke endinokuba nayo, kwaye ndenze intetho yam icace kangangendlela endaziyo ukuba ingenziwa njani. Kwaye ningabulaleka nam ukuba ninganako.

31 Njengoko ndijonga kwaye ndishumayela ukunqumleza isizwe, kwaye ndiqaphele abantu, ndi—ndiqondisiwe ngokugcweleyo ukuba abantu abafikeleli kuKristu. Kwaye ndiyakholwa ukuba lutshaba olubeke esisithintelo. Ngokuba, isizathu ndikholelwa oku, Akayonto abolathiswa kuyo. Baye mhlawumbi balathiswe ku—ku—kumgaqo, okanye imfundiso, okanye iqela, okanye amava, okanye imvakalelo, okanye into ethile enje ngaleyo, endaweni yokukhonjiswa kuKristu, iLizwi.

Yilonto ndicinga ukuba abantu babeke isiphelo sabo sikaNaphakade phezu komgaqo othile, okanye imvakalelo ethile. Njengoko, abanye besithi, “Ndingqungqe ndikuMoya. Ndi—ndithethe ngeelwimi. Ndi—ndi—ndive umlilo ubaleka apha kum.” Kwaye uyazi, zonke ezo zinto zinga linganiswa ngumtyholi?

32 Kukho nje into enye angenakuyilinganisa, elo liLizwi. Kwingxoxo-mpikiswano, phakathi kwakhe noYesu, ngalo lonke ixesha uYesu wamoyisa. “Kubhaliwe,” iLizwi!

Kwaye ndiyakholwa, namhlanje, ukuba isizathu sokuba abantu bengezi kuKristu, kungokuba bakhonjiswa, abaninzi babo, kwi—kwi—kwihlelo. “Yiza uzimanye necawa yethu.” Okanye, “Funda icwandi yenkolo yethu,” okanye, “Kholelwa imfundiso yethu,” okanye—okanye inkqubo ethile yohlobo oluthile. Bakhonjiswa kwindlela engeyiyo. Kwaye izenzo zabo kunye nobomi ababuphilayo ngaphandle koKristu, bubonakalisa ebomini babo, bungqinelwa kwa yilanto inye.

33 Umzekelo. Andifuni kuvisa ntlungu nakwezikabani imvakalelo. Kodwa, ngasemva nangaphambili, ukunqumleza isizwe, ndibohlwayile abafazi abanenwele ezimfutshane. YiBhayibhile leyo. Ndibohlwayile abafazi abanxiba ezimfutshane, abasebenzisa iziqabi buso. Kwaye minyaka le iya iba mbi. Ibonisa ukuba kukho omnye umnwe, ndaweni ithile, obalathisela kwenye indlela ethile. Kwaye abafiki kuKristu.

34 Kwaye bathi, "Singabecawa. Icawa yethu ayi . . . "Ayenzi mahluko into ekholelwa yona icawa yakho.

UThixo wathi, "Akulunganga." Kwaye ukuba kwenzekile bafika kuKristu, baya kuyiyeka lonto. Kwaye, hayi kuphela lonto, kodwa indoda iyakuthatha indawo yayo ukuba ifike kuKristu, kwaye ichasane nalanto. Abayeni abayi kuyeka amakhosikazi abo benze ngolwahlobo. Indoda yoqobo ayifuni unkosikazi wayo enze ngala ndlela.

35 Umfo omncinci apha esixekweni, ngenye imini, waphantsa wabulala amakhwenkwe amabini amancinci. Babese garaji yokutha ethile. Nina bantu baseJeffersonville niyibonile ephepheni. Kwaye le ntombi incinci yabalekela egaraji yokutha, inganxibanga nto, kakhulu, konke, kwaye abafana ababini behleli apho benza intetho. Kwaye umsebenzi wafuna ukuwabulala amakhwenkwe amabini; kwaye wabanjwa ngalonto, wabekwa enkundleni. Waza umgwebi wambuza, "Kutheni we . . . enxiba ngoluhlobo?"

Wathi, "Ndicinga ukhangeleka mhle."

36 Ngoku, kukho into ethile engalunganga nala ndoda. Andikhathali nokuba ingu . . . Ukuba ingumoni, kukho into ethile engalunganga kunye nayo. Uthando lwayo kulamfazi alunakunyaniseka, ize imbekele isabatha sezinja ngolwahlobo. Kukho into ethile engalunganga. Ingaba umntu ukhe wabuyela engqiqweni yokuba bangohlula phakathi kokulungileyo nokungalunganga?

37 Nizibonile impahla zokuhlamba ezintsha abaze nazo? Niyayazi ingqikelelo yam yokuba abafazi ekugqibeleni bayakuza kumagqabi omkhiwane, amakhulu amathathu anesithathu eminyaka eyagqithayo? Kwaye ngoku banabo abanxiba amagqabi omkhiwane, imibhinqo ebonakalisayo. ILizwi leNkosi alizange lasilela. Yabona? Kwaye kwakuza kwenzeka nje phambi kokuphela kwexesha, babuyela kwigqabi lomkhiwana kwakhona. Ndandiyifunda kulindixesha i*Life*. Yayithethwe kumashumi amathathu anesithathu eminyaka eyagqithayo, phambi kokuba abafazi bawe. Yayichaziwe ukuba bayakuyenza njani kulo mhla, kwaye naku belapha. Indlela abazakunxiba ngayo impahla njengamadoda, kunye nendlela abaya . . . Ukungabi nasimilo kwabafazi kuyakuhla kwesi sizwe.

38 Ukuhla kakhulu kuzo zonke izizwe ezikhoyo ehlabathini, yile Merika. Ulelona gquba linyhukunyhuku. Oko kungokwamanani. Izinga lomtshato noqhawulo mtshato luphezulu kwesi sizwe kunayo nayiphi enye indawo ehlabathini, kwaye ezinye izizwe ziyalinganisa. Sasiqhele ukulinganisa eFrance, ubunyhukunyhuku nobumdaka besasizwe, kwaye ngoku bafumana umzekelo kuthi. Siqabele ngapha komda wabo.

39 Ndiyazi kukho isizathu sokuba abantu bangangeni kuKristu. Ukuba bebeyakuba nakho, bebengayi kwenza ngolohlobo.

UYesu weva ubunzima ngaphandle kwamasango, ukuze Abangcwalise abantu Bakhe ngeGazi ElileLakhe. *Ungcwaliseko*, luphuma kwigama lesiGrike, ehlangeneyo, ethetha, "cociweyo, yaza yabekwa bucala ukwenzela umsebenzi." Kwaye xa uThixo ecoca abantu Bakhe ngeGazi likaYesu, Ubacoca kubunyhukunyhuku behlabathi aze ababeke bucala ukwenzela umsebenzi.

Kungoko athe noYesu, ukuze abangcwalise abantu ngelilelakhe igazi, weva ubunzima ngaphandle kwesango.

40 Nkqu nakubantu beFull Gospel, babuyela emva emseleni ababephuma kuwo. Laliyintoni ibandla lakwaMoya, kumashumi amane okanye amahlanu eminyaka eyagqithayo? Baziqalekisa, kwaye bazigweba, kwaye bazenza intlekisa iicawa ababephuma kuzo, wona amahlelo. Benza ntoni? "Njenge nja kumhlanzo wayo, nehagu emgxobhozweni wayo." Bajikela kanye emva kwindawo ababembiwe kuyo, kwaye ngoku iicawa zabo zinyhukunyhuku nje njengezinye zonke.

41 Yayinto ethile, njengoko nditshilo ngale ntsasa. Ngohlobo, abantu banjengoko uPetros wakutshoyo, koNgcwele—Ngcwele uMateyu kwi-17:4 ukuya kwisi-8, apho athi, "Kulungile ukuba lapha. Masakhe iminquba ibe mithathu."

42 Kodwa uMoya wabayalela ukuba bangayenzi. Wathi, "Lona nguNyana Wam oyintanda; mveni Yena," kwaye uliLizwi Yena. Lowo Nguye emasijonge kuye, iLizwi, hayi ukuthabatheka kwethu okanye into ethile engenye. "UliLizwi Lam; mveni Yena!" Kwaye yintoni abayibonayo emva kweli Lizwi lathethayo kubo? Nkqu uMoses no-Eliya babengekho; kungekho nomgaqo; kungekho nanto eshiyekileyo kodwa uYesu kuphela, kwaye UliLizwi. Kuphela koko abakubonayo.

Ngoku, "Ukuphumela ngaphandle kweminquba."

43 Siyafumana ukuba kwiminquba yabo apho esisehlo sikhulu senzeka khona, phezulu kwiNtaba yoGuqulo, njengoko uPetros kamva wayibizayo, "intaba engcwele," apho Wahlangana nabo. Ngoku, andikholelwa ukuba umpostile wayethetha ukuba intaba yayingcwele; wayethetha ukuba yayinguThixo ongcwele entabeni.

Asilobandla elingcwele; asingobantu abangcwele. NguMoya oyiNgcwele ebantwini. UMoya oyiNgcwele ungcwele. Ungumlawuli wakho nomkhokeli wakho.

44 Kwaye siyafumana, kule minquba mincinci apha phezulu entabeni, Ukuguqulwa, xa bayalelwayo ukuba beve, kuphela kwento abayiyalelwayo yokuba bayenze kukuba bave iLizwi. Kuphela kwento abayibonayo, yayingengo mgaqo. Abazange babone nto ingenye kodwa uYesu, kwaye UliLizwi lenziwe inyama.

Intle kangakanani lonto, umnquba omnye owawusemyezweni e-Eden. Xa uThixo walibiyelayo iBandla Lakhe emyezweni e-Eden, abantu Bakhe, babenodonga olunye lokuhlala emva kwalo; elo yayiliLizwi. Babenekhaka elinye, isikrweqe esinye, into enye, ngokuba uThixo wayesa ziyintoni eyakumeyisa umtyholi, kwaye elo yayiliLizwi.

45 UYesu wenza kwa into ekwanye. "LiLizwi; libhaliwe." Kwaye uSathana wazama uku—ukuligquma Lona, hayi ukulicaphula Lona; ukuLigqumela Yena. Kwaye uYesu wathi, "Kwaye kubhaliwe kananjalo." Ngoku, kufuneka sihlale nelaLizwi!

46 Kwaye kule minquba ababenayo phaya, kaPetros, Yakobi, kunye noYohane; kunye noYesu, Moses, kunye no-Eliya. Kwaye eminqubeni yabo babona ithunzi lomkhosi wasemaZulwini, okanye iNtsika yokuKhanya indanda kweli lifu elaguqula iNkosi Yesu. Kwaye xa babekulungele ukwenza ihlelo, elinye lomthetho, kunye nelinye labaprofeti, nanjalo njalo, iLizwi lathi, "Lona nguNyana Wam oyintanda; mveni Yena." Ngoko, koko bakuyalelwayo, kwakunjengokuba kwakunjalo kanye e-Eden, "Hlalani neLizwi!" Lowo ngumnquba kaThixo wabantu Bakhe.

47 Ikhangeleka, namhlanje, ukuba ngumhla xa abantu baya ngaphaya kweminquba. Kuyo yonke into, baya ngaphaya.

48 Uyazi, ndaxelelwa, ngaxesha lithile eligqithileyo, ukuba babene nqwelo-ntaka ijet ngoku enoku . . . eyenza ingxolo esiyivayo apha, eshukumisa iifestile. Kuxa inqwelo-ntaka ibaleka kakhulu ukuba inqumle isandi sayo, ibizwa isithinteli sandi. Kwaye xa isiya ngaphaya kwesandi sayo, iphantse ingabi nakuthinteleka koko inokukwenza.

Kwaye ndiyacinga, khona phaya, ukuba sifumana isifundo. Xa sisiya ngaphaya kwesithinteli sandi sethu, ukuya kwiLizwi likaThixo, ngoko akukho sithintelo koko uThixo anokwenza ngomntu okulungeleyo ukuya ngaphaya kweminquba, iminquba yabantu, ukutsho. Ngoku, siyabona ukuba, ukuya ngaphaya kweminquba, ukuya ngaphaya koku.

49 Ndibona uSathana, naye, uthabatha abantu bakhe ukubasa ngaphaya kweminquba yokuzathuza, ngaphaya

kwe—kwe—kwe—kweminquba yo—yokuzicingela. USathana uthabatha abantu bakhe ngenye indlela, ngaphaya kweminquba; uThixo uthabatha abantu Bakhe ngaphaya, kule iyenye indlela. Naye uSathana ubathabathele ngaphaya kweminquba yokuziphatha okuqhelekileyo. Xa ifika kwindawo apho abantu. . .kwaye banokuziphatha baze benze, kwaye bayekwe ngezinto abazenzayo namhlanje kucwangco lwezimilo. Ingaphezulu kwengcinga zam ukuba ingamyeka kanjani umfazi wayo la ndoda khona phaya, anxibe ngolwa hlobo, ize iqhwabe omnye umntu ngokumthuka. Ingaphezulu kokuzicingela. Kufanele yazi ngcono kunokuya. Ngaphaya kokuziphatha okuqhelekileyo! Iphi indawo ekumiwa kuyo?

50 Enye indoda okanye umfazi kuleminyaka yam, ndingakubuza oku. Kungathini ukuba umama wam okanye umama wakho, malunga namashumi amahlanu eyagqithayo, ahambe esitratweni enxibe enye yezi zimfutshane okanye ibhikini, nokuba uyibiza ntoni, kuye? Umthetho ubunokumchola, ngoko nangoko, ababeke kumzi wabaphambanayo. Inenekazi lishiya indlu linganxibanga mpahla zangentla, kwaye lifanele ukuba liselugcinweni, ngokuba ngokwasengqondweni kukho into ethile engalunganga. Kwaye ukuba bekusezingqondweni ukwenza into enjalo ngoko, ngenene iluphawu lokuba into ethile iphambanile. Ise kukusilela engqondweni, ukuya ngaphaya kokuzathuza; ubunyhukunyhuku!

51 Kwaye xa indoda inokutshaya imidiza, kwaye ugqirha ebonakalisa kuyo ukuba amawaka afa minyaka le ngenxa yalonobangela, kwaye impakuze futhi kwimidiza, ikhangeleka ngathi kukho into ethile engalunganga kunye nengqondo yala ndoda.

Kwaye xa indoda inomothuko engqondweni, kwaye inga. . .ingakwazi kuziqokelela, into eyenzayo, iyakukhangela igumbi likagqirha elikhoyo apho elizweni, ukuya kufumana into engalunganga kuyo. Kodwa ngoko iyakuma ebharini okanye emotweni, ize isele de iphambane ngokupheleleyo; ichithe imali yayo, ukuzidudulela kulonto. Kwaye ukuba kuyenzeka ukuba iye kuyo ngaphandle kokunxila butywala, ngoko iyakuchitha yonke ipeni eyifumanayo, kwigumbi likagqirha, izama ukufumana okungalunganga kuyo. Ayenzi ntsingiselo.

52 Ukuba kuyakuza ukhetshe wamantshontsho phezu kwesixeko, kwaye ndiyakuthabatha umpu wam, ndize ndiye kwindawo engasemva eyadini yam ndize ndimdubule lokhetshe, kwimizuzu elishumi ukusuka apho ndiyakube ndisejele. Bebeya kwenza ndibanjwe, "Nge—ngesenzo esingekho mgaqweni; ukuphatha umpu esixekweni; ukubeka engozini ubomi babantu, ngompu, ukudubula phezulu emoyeni kukhetshe." Ndingabulala umntu, banokutsho. "Kufanele amkiswe."

Emva koko bayakuthengisela indoda utywala obaneleyo ukuba inxile, baze bayifake emotweni enokubulala usapho lonke luphelele. Kwaye xa ibanjiwe, ikhupha, iidola ezintlanu indleko. Ukubulala okucetyiweyo! Yintoni ingxaki nehlabathi? Okuthile akulunganga ndaweni ithile.

53 Ngoku, "ukuya ngaphaya kweminquba," ngaphaya kokuziphatha, ngaphaya kokuzathuza.

Uyaqaphela, abezopolitiko bethu namhlanje abasayi kutsho kwanto malunga nokufundwa kweBhayibhile esikolweni. Bayoyika. Abazi ukuba umoya ubhudlela ngaphi. Abazi nokuba bayakuphulukana nevoti, okanye hayi. Sifuna omnye u-Abraham Lincoln. Sidinga omnye uJohn Quincy Adam. Sifuna mntu othile oyakuma, kungakhathaliseki nokuba umoya ubhudlela kweliphi icala, banike ukuzibophelela kwabo okunyanisekileyo.

54 Namhlanje, umshumayeli wehlelo, nangona umbonisa eLizwini, iNyaniso, akazi amakakwenze. Uyoyika kuba uyakuphulukana netikiti lakhe lokutya. Sidinga amadoda nabafazi namhlanje abanyanzelayo ngeVangeli, umntu othile oyakuma achaze imbophelelo yakhe, olathe okulungileyo nokungalunganga, nokuba iLizwi likaThixo lilungile okanye ihlelo lilungile.

55 UYesu wathi, "Malithi lonke ilizwi lomntu libe bubuxoki, kwaye eLam liNyanise. Amazulu nomhlaba ayakugqitha, kodwa aMazwi aM akasayi kugqitha."

56 Ke, uyabona, baya ngaphaya kweminquba yeLizwi likaThixo, ukuya kufumana impendulo yabo. Xa waye . . . wabacenga bona basuke kwiminquba yeLizwi likaThixo, njengoko wenzayo ku-Eva emyezweni e-Eden, uSathana wenze kwa into enye namhlanje. Kulungile. Siyakufumana oko. Abantu bayacengelwa kwimigaqo nezivumo zokholo ngaphandle kweminquba, ukuya kwiminquba yabo yemigaqo nezivumo zokholo. Baneminquba, nabo, kwaye oko kubabeka kumnquba wakhe. Ungumnquba wemfundo, imfundo yezakwalizwi, imisebenzi, isidanga sobugqirha, imfundo, uhlobo lobuntu, yonke into echasene neminquba yeLizwi likaThixo. UThixo uneminquba yabantu Bakhe. Ihlelo lineminquba yalo.

57 Kumawaka amathathu eyagqithayo, umntu ebenakho ukuhlangana noThixo phantse naphina. Yayiyinto eqhelekileyo ukuba umntu ahlangane noThixo. Kodwa kutheni bengahlangani naYe namhlanje? Kukho abantu abaninzi, amawaka aphindwe ngamawaka kunye nezigidi abangaphezulu kunababekho kumawaka amathathu eminyaka eyagqithayo, kwaye noko uThixo uyinto yakudala ethile ekwakuthethwa ngayo, kwimbali ethile yakudala. Abahlangani noThixo, kwisiqu, njengoko babesenza kwiminyaka emininzi eyagqithayo, njengoko nditshilo,

amawaka amathathu, kumawaka athile amathathu eminyaka eyagqithayo. Abasayenzi. Akuqhelekanga kumntu ukuhlangana noThixo. Ukuba umntu uthetha ngalonto, ubalelwa njengomntu ophambeneyo, umntu ophulukene nengqondo zakhe. Iyengaqhelekanga kakhulu kubo!

58 Kwimeko ka-Abraham kunye nakwiminquba yakhe, kutheni, yayiphantse yayinto yemihla yonke yokuba u-Abraham ahlangane noThixo. Wathetha naYe. Hayi kuphela koko, kodwa xa behla baya eGerare, ukuya kuphambukela; siyafumanisa, ezantsi apho, ukuba uThixo wayeseminqubeni kunye no-Abhimeleki, umFilistiya. Yayiyinto eqheleke kakhulu. Babehlala kwiminquba yoBukho Bakhe.

Namhlanje, bahlala kwiminquba yabo, kwaye abananto yakwenza neminquba kaThixo. Abafuni nto yakwenza nayo, ngokuba yebaxiweyo kwihlabathi. Ibaxiwe kubo. Kodwa, khumbula, xa uThixo walungisa iminquba yokuqala esenzela abantu, Wayibiyela ngeLizwi Lakhe. Usoloko esenza. Kodwa, namhlanje, kwiminquba yabo, abayenzi lonto. Yilonto ungeva kakhulu malunga noThixo. Ngoku, ndiyakholwa ukuba i—iminquba . . .

59 Njengoko uMoses, indlela Awadibana ngayo noMoses entlango. UMoses wayenomnquba phandle phaya apho wayedlisa izimvu zikayise-zala, uYitro, kwicala elingasemva kwentlango. Kwaye ngenye imini, kulo omdala umashumi asibhozo eminyaka ubudala umalusi wezimvu, wabona ukuKhanya, iNtsika yoMlilo etyholweni, livutha. Kwaye wahlangana noThixo; indoda eyayibaleka kuThixo.

Kusuku olulandelayo. Ngamanye amaxesha ukuhlangana noThixo kukwenza wenze izinto ezingaqhelekanga. UMoses wayengaqhelekanga kakhulu, kusuku olulandelayo. Wayenomfazi wakhe enqumleze i-esile, kunye nomntwana ethangeni lakhe; kunye nendevu zakhe ezinde zivuza, kunye nokhuni olugoso esandleni sakhe, esihla esiya eYiphutha, ukuya kubhukuqa isizwe. Ngoku, lowo yayiyingumbono ohlekisayo!

"Uyaphi, Moses?"

"Ndiya eYiphutha."

"Uyela ntoni?"

60 "Ukuya kuyibhukuqa!" Wayedibene noThixo. Uhlaselo lwendoda-enye. Yayikhangeleka imbi kakhulu. Kodwa, into yayo yeyokuba, wayenza, ngokuba wayedibene noThixo. Njengomntu omnye esiya kuthabatha iRashiya; yilonto kuphela oyidingayo, umntu omnye entandweni kaThixo. UMoses wayekwintando kaThixo. Kwaye ikhuni olugoso awayenalo esandleni sakhe, hayi ikrele; ukhuni. Izinto ezingaqhelekanga, uyazenza uThixo.

61 Kodwa, khumbula, uMoses kwafuneka aphumele ngaphandle kweminquba awayehlala kuyo, ukuze ayenze

lento, ngokuba wayelapho kunye nomkhosi wonke kwaye zange akwazi ukuyenza. Ngawo wonke umkhosi waseYiphutha, zange abenakho ukuyenza. Kodwa ngenye imini uThixo wammemela kweYakhe iminquba.

Wathi, "Ungubani Wena?"

62 Wathi, "NDINGUYE ENDINGUYE." Hayi, "Ndandinguye, okanye ndiyakuba nguye." Ixesha langoku, "NDINGUYE! NdinguThixo ka-Abraham, Isake, noka Yakobi. Ndikuvile ukukhala kwabantu, kwaye ndisikhumbule isithembiso Sam, kwaye eli lixesha loku ukuba kuzaliseke. Ndithumela wena ezantsi, Moses, kunye nolukhuni lusesandleni sakho."

63 Yayintoni? Yena, ngoku, abantu bacinga ukuba uphambene. Kodwa yintoni awayenzayo? Waphuma kwiminquba yakhe. UFaro emfundisile yena amashumi amane emïnyaka kwiminquba yesikolo, kwaye wohluleka. Kwaye kwathabatha uThixo amanye amashumi amane ukuyikhupha. Yonke imfundo yakhe kunye nako konke okwemfundo yezenkolo awayeyifundisiwe, yathabatha amashumi amane ukuyikhupha kuye. Waze uThixo wamsebenzisa amashumi amane eminyaka.

64 UThixo unexesha elibi kakhulu elungisa indoda Yakhe. Kodwa, uyabona, Akazange abenokumfumana uMos-. . . ukufumana uMoses, de uMoses waphuma kwiminquba azenzele yona umntu, kwindlela yomkhosi yokuyenza, kunye nendlela yenyama yokuyenza, ukuya kwindlela engaphezulu kwendalo yokuyenza. Ngoko, xa wafika kuloo minquba, uThixo wabanakho ukumsebenzisa.

65 Ngoku, siyafumanisa ukuba kule ntlango. . . Siyaqaphela xa bathabatha baza bathatha indawo zabo, baza baphuma eYiphutha, ukuya kwiminquba kaThixo; baphuma kwiminquba yababingeleli nabo bonke besithi, "Zithengiseni nibe ngamakhoboka, ixesha lonke." Xa uMoses umprofeti wehla weza waza wangqinela iLizwi likaThixo lalifikile, ukuba uThixo Lowo wenza isithembiso wayelapho ukubakhulula abantu; basuka kwiminquba ababekuyo, ukuya kwiminquba wesithembiso seLizwi likaThixo leyure. Bamkholelwa la mprofeti, ngokuba uphawu lokungqinela lalibonakalisa ukuba yayiliLizwi likaThixo ngqo. Kwaye izinto awazenzayo zabonakalisa ukuba yayilungile, kwaye iNtsika yoMlilo yamlandela ecaleni, yabonakalisa ukuba yayiliLizwi likaThixo.

66 Ngoku, kulo mnquba, imimangaliso, imiqondiso, kunye nezimanga zazikule minquba.

Babakhupha babasa entlango. Bashiya iminquba yabo yenyama. Bashiya iminquba yodaka. Bashiya iminquba eyenziwe ngengca kunye nesitena, ukuya kuhlala kwiintente ngaphandle entlango, apho kwakungekho zinkozo okanye kwa nanto engenye. Ngamanye amaxesha uThixo usicela ukuba

senze izinto ezingabhandlanga, kweyethu ingcinga. Kwaye ukuba ukhe wayishiya iminquba yakho yokuzathuza, leyo yindawo oyakumfumana khona uThixo.

67 Qaphela, njengoko baphumayo baya entlango, kwakukho imimangaliso, imiqondiso, xa baya kuleminquba. Ngoku khumbula, bashiya iminquba yaseYiphutha baza baphumela ngaphandle ukuya entlango kunye neminquba kaThixo. Wazi njani ukuba yayi yiyo? UThixo wathi, "Abantu bakho bayakuphambukela iminyaka emakhulu mane, kodwa Ndiyakubakhupha ngesandla esinamandla, kwaye Ndiyakubanika lomhlaba apha." Kwaye babesendleleni yabo, ngokuKhanya okungqinelweyo, umprofeti ongqinelweyo, ngemiqondiso, izimanga, yokuba uThixo wayeseminqubeni, kwaye babesendleleni yabo. Babene Ntsika yoMlilo. Babenomprofeti. Babenemana. Babenamanzi aphilayo. Amen! Babetshintshile, umhlaba wokuhlala oguqulweyo. Kwakufanele bayenze. Babengenakuzibona ezo zinto eYiphutha. Kwafanela batshintshe umhlaba wokuhlala, ukuze babone okungaphezu kwendalo.

68 Kuyakubanjalo nakubantu balo mhla kufanele batshintshe iminquba ukusuka kuwo amahlelo athi, "Iintsuku zemimangaliso zadlula. Akukho nto inje ngobhaptizo lukaMoya oyiNgcwele. Kwaye zonke ezi Zibhalo ziyaphosisa; kwaye zazisebenza kwesinye isigaba." Kofanela utshintshe umhlaba ohleli kuwo, yiya ngaphaya kwalo minquba, ukuya apho zonke izinto zinokwenzeka.

69 Zonke kuzo zazingqinela uBukho Bakhe eminqubeni. Ngoku qaphela ngoko, bona, babenze eyenziwe ngumntu iminquba yezithethe nezivumo zokholo, emva kokufa kukaMoses. Kwaye uThixo waqubisana nabantu iminyaka emininzi. UThixo akakho kwiminquba Yakhe, nakanye, kwiminquba yabo, ngokuba bazenzele iminquba, iminquba engu-zenzele.

70 Khumbula, xa babebizelwe ngaphandle kweYiphutha, uThixo wabanika umprofeti, wabanika idini lemvana, wabanika konke ababekudinga; ilizwi, umqondiso, ummangaliso, umprofeti ukubakhokela, isicamagushelo ukubakhathalela, iNtsika yoMlilo ukubakhokela. Kwaye xa bafikayo ngaphandle entlango, babenganelanga futhi. Babefuna nto yimbi abanokuyenza, ngokwabo. Inceba yayiyinikezele lonto; ngoku bafuna into ethile yokwenza, ngokwabo, ukuze babenze umbutho, baze bakhalaze baze balwe baze baxhalabe, ngubani ozakuba ngumbingeleli omkhulu, kwaye ngubani ozakuba *koku, kokuya*, okanye *okunye*. Ngenye imini, uThixo wathi, "Moses, zahlule wena kubo," kwaye Wabaginya nje ekuphikeni kukaKorah.

71 Ngoku qaphela, yonke le miqondiso kunye nezimanga zangqinela uBukho Bakhe.

Emva koko wa . . . umntu wazenzela iminquba, iminquba yovumo kholo kunye nesithethe, hayi iminquba KaThixo yeLizwi Lakhe. Iminquba eyiyeyabo! Kwafuneka Abashiye, ngokuba UliLizwi. Akanakuhlala apho abantu bafundiswa ngaphandle kweli Lizwi. UThixo akanakuhlala kwiminquba. Akanakho. Akazange ayenze. Kufanele ahlale ngqo apho iLizwi Lakhe likhoyo.

72 Xa kwafuneka ayishiye la minquba, ngoko, yela qela lonke labantu awathi Wabakhupha ngaphandle eYiphutha, Wahlala kuphela phakathi kwabaprofeti Bakhe, abo iLizwi Lakhe leza kubo. ILizwi leza kumprofeti, ukuza kungqinela iyure. Wahlala phakathi kwabaprofeti, kwaye watyhila kubaprofeti. Indlela abaqalekisa ngayo, abantu, kwaye baqalisekisa into. Kwaye uThixo wabafundisa imithetho Yakhe kunye nendlela yobomi. Kwaye abantu babesoloko bechasene nayo, kwaye bamtshutshisa umprofeti, kwaye ekugqibeleni bamxuluba ngamatye, okanye bamsarha waba ziziqwenga, kwaye bamsusa.

73 UYesu wathi, "Nguwuphi kubaprofeti abangathanga ooyihlo bambulala? Ngubani kubo, kwabo balungileyo owayethunyelwe kubo?" Kwaye wathi, "Imisebenzi yooyihlo niya kuyenza." Wayengathethi kuma komanisi. Wayethetha kubabingeleli, abantu bamahlelo, abaFarasi nabaSadusi. Ndiyacinga ukuba ilizwi Lakhe aliyi kuguquka kakhulu ngobubusuku, kuphela beliyakuba ngaphezulu kancinci, mhlawumbi, kubo.

74 Ngoku, siyafumanisa ukuba Wahlala ngoko phakathi kwabaprofeti Bakhe. Waba ngoko ngowasemzini kubo, kuba Uhlala kuphela eLizwini Lakhe, ukuba aliqinisekise Lona. IBhayibhile itshilo ukuba uyiliqaphela iLizwi Lakhe, ukuba Aliqinisekise Lona. Uzama ukufumana othile.

Ukuba nje Unokufumana indoda ebuthathaka, njengo Samson. USamson wanikela ngamandla akhe kuThixo, kodwa wanikela ngentliziyo yakhe kuDelila. Leyo yindlela esithi kumaxa amaninzi senze ngayo, namhlanje, ukunika nje okuthile uThixo, kodwa hayi konke. Kodwa, uThixo ufuna konke, okwethu.

75 Njengesibophelelo se inshorensi, xa ufumana isibophelelo se inshorensi, ungaba sele ufumana ukhuseleko olupheleleyo. Kwaye yilonto lentsikelelo yokuqinisekiswa isenzela kona. Iyi inshorensi elukhuseleko olupheleleyo. Ikhusela konke esikudingayo apha kobu bomi, kunye novuko lwethu, kunye noBomi obuNgunaphakade. Iquka yonke into.

76 Qaphela, uThixo wahlala ngaphandle kweminquba yabo ngoko amakhulu amane eminyaka. Ngokuba? Waye engasenawumbi umprofeti. Ukusukela kumprofeti uMalaki, ukuya kumprofeti uYohane, amakhulu amane eminyaka, akukho nakunye ukujikwa kwevili athe uSirayeli wakwenza.

UThixo wayengaphandle kweminquba. BaMkhuphela ngaphandle, ngezivumo zabo zenkolo kunye nekratshi, kunye neyantlukwano yabo ngaseLizwini. Amakhulu amane ngaphandle kweLizwi! Ukusuka komnye umprofeti ukuya komnye, Wahamba, kwade kwanguMalaki umprofeti wokugqibela, emva koko kwakungekho omnye umprofeti amakhulu amane eminyaka.

77 Kwaze emva koko uThixo wabonakala kwakhona. Ngenye imini Wahamba phakathi kwabo kwakhona, kodwa izithethe zabo zazithabathe kakhulu indawo Yakhe phakathi kwabo, Waye engowasemzini phakathi kwabo. Izithethe zooyise, benezityana zokuhlambela, kunye—kunye nendlela yokulungisa iinwele zabo, banxibe amaqhosa athile ezidyasini zabo, kunye nezithile zabo iingubo zababingeleli—bingeleli; kwaye—kwaye omnye unguFarasi othembekileyo, kwaye omnye ngumSadusi. Kwaye oko kwakuthabathe indawo yeLizwi phakathi kwabo bantu, de, xa uThixo wabatyelela, Wayengowasemzini.

78 Ndingakutsho oku ngothando nangembeko, kodwa ukukuzisa ekhaya. Iyinto enye nanamhlanje. Ayikaguquki nakancinci. Xa Esiza phakathi kwabantu, kumandla Akhe nokuzibonakalisa, ukubonisa ukuba iLizwi Lakhe liselilo izolo, namhlanje, naphakade, ngoba UliLizwi, abantu bathi, "Umvumisi, uBhelezabhule, uYesu oyedwa, okanye—okanye into ethile efana naleyo." Abanye bayakweya ndaweni ithile, kodwa ifanele ibe ngala ndlela.

Yabona, asikhange sibe nomprofeti ngoku phantse amawaka amabini eminyaka. AbeNtlanga abakhange babenaye, uyazi; thenjisiwe ekugqibeleni. Ngoku, siyayazi lonto, ngeSibhalo. Siyayazi lonto, nayo, ngezembali ukuba oku kuthenjiswe kuthi.

79 Ngoku, emva kwamakhulu amane eminyaka, uThixo wahamba kanye phakathi kwabo ngenye imini. NgokweSibhalo, Wayefanelwe ukwenziwa inyama kwaye ahlale phakathi kwabo. "IGama Lakhe liyakubizwa uMcebisi, nguMthetheli woXolo, uThixo oliGorha, uSonini-nanini."

Kwaye xa Weza phakathi kwabantu, bathi, "Asisayi kuyivumela le Ndoda ilawule phezu kwethu! Yintoni—yintoni ikhadi lobundlelwane Enalo? Yintoni ihlelo Athunywe lilo?" Wayengenantsebenziswano nabo. Yonke icawa Aya kuyo, Bamkhuphela ngaphandle. Zange babenanto yakwenza Naye, ngokuba Waye engenguye omnye wabo.

Kwaye njengoko kwakunjalo ngoko, ke kunjalo ngoku! IBhayibhile ithe ibandla laseLawudike liyakumkhuphela ngaphandle Yena, kwaye Wayenkqonkqoza, ezama ukungena ngaphakathi. Kukho into engalunganga ndaweni ithile.

80 Ngoku, kutheni? Benza eyabo iminquba. Ba, ukuba babenokulazi iLizwi, babeyakumazi ukuba yayiNgubani

Yena. UYesu wathi, “Ukuba ni. . . Phengululani iZibhalo, kuba Kuzo nicinga ninoBomi obunguNaphakade. Zizo ezinixelela ukuba NdiNgubani!” Yilonto iZibhalo zikutshiloyo. Ngoku, “Bangqina ngaM. Kwaye ukuba Andenzi misebenzi eyayithenjiswe ukuba Ndiyenze, ukuba Andenzi misebennzi athe uBawo Wam, iLizwi. . . ‘Ekuqalekeni ebekho uLizwi, kwaye uLizwi ebekuye uThixo, kwaye uLizwi ebenguThixo. Waza uLizwi wenziwa inyama kwaye wahlala phakathi kwethu.’ Ngoku, ukuba Ndingula Mntu, phengululani iZibhalo nize nibone yintoni Endifanelwe kukuyenza. Kwaye ukuba Andifanelekanga; ukuba imisebenzi Yam, imisebenzi engqina ngalo iLizwi, uBawo uyangqina ngaM, ukuba ayingqini ukuba NdiNgubani, ngoko Andilunganga.” Injalo lonto. “Ukuba akunakuNdikholelwa, kholelwa iLizwi,” Watsho, “imisebenzi eveliswa liLizwi.”

31 Yabona, Wayengowasemzini phakathi kwabo. Babengamazi Yena. “Asisayi kuba nanto yakwenza naye lo Mfo, nje ongaqhelekanga uMfo othe wazalelwa ezantsi phaya esitalini ndaweni ithile.” Kwaye bakholwa ukuba unina Wakhe wafumana uSana phambi kokuba Izalwe, okanye ngaphambi Yona i. . . wafumana oluSana kuzalo lobugqakhwe, noko. Kwaye emva koko, ba, ukuba ngaphambi kokuba uSana luzalwe, ukuba wemka waze watshata uYosefu; kwaye wakwenza oko nje ukubamba ibala elimnyama lisuke kuye, isimilo sakhe. “Kwaye Waba yinto engaqhelekanga yoMfo, ngokuba Wayengumntwana ozelwe ngobugqakhwe, kwaye sisizathu Wayenjalo.”

Kwaye xa Waphumayo, Wenza ntoni? Wakrazula izivumo zabo zenkolo, wawisa iitafile zabo, wababetha wabakhupha endaweni, waze wathi, “Kubhaliwe!” Amen! Oko kufanele kukuxelele ukuba Waye Ngubani. “Kubhaliwe!”

32 Kulungile, babengenanto yakwenza kunye nonjengaye lowa Mfo. Kodwa ezantsi enzulwini yentliziyo zabo, babesazi oko NguBani, ngokuba uNikodimo ngokuphandle wachaza oko. “Rabhi, si, abaFarasi, siyazi ungumfundisi ovela kuThixo, ngokuba akukho mntu onokuzenza izinto ozenzayo ngaphandle kokuba uThixo unaye.” Kutheni babengaMvumi ngoko? Kungokuba iminquba yabo yabeka umda wayo. Ibingasayi kuMvumela angene eminqubeni. Ibingayi kuvumela namnye aye ngaphandle kuYe. Babeneminquba yabo. Weza ngobusuku, xa ucango lwaluvaliwe ngenene. Kodwa wafumana ukuba wayenakho, ukudibana Naye, nakanjani.

33 Ewe, into enye ngoku! Babene. . . Waba ngongaziwayo, owasemzini. Abayinqondi Yona. “Kutheni *lena* iyakuba nje, kwaye kutheni *leya* iyakuba njena?” Xa, iLizwi Ngokwalo lingqina ukuba oku koko ngqo oko bekufanele kwenziwe kulomhla. Indlela esingene ngayo, ngokuphinda, nokuphinda kodwa yiNyani.

84 Wayeyiyo, kubo eminqubeni yabo, “Umbaxi, umaphuli wezithethe zabo, umcaphukisi weecawa zabo, ngenene nje umvumisi, ongowomoya obizwa ‘Bhelezabhule.’ Yilonto Wayeyiyo.”

Kwaye ndiyakholwa, ukuba Uyeza phakathi kwethu namhlanje, Uyakuba yinto ekwanye, kuthi. Ngoba, sinesithethe, sinehlelo, asikwazi kwa ukuvumelana omnye nomnye. Kutheni? Inye kuphela indawo apho umntu anokuvumelana kuyo, leyo ku, phantsi kweGazi eliphalaziweyo. Kwaye iGazi laliphalaziwe, njengembewu yobomi, ukukhulisa leMbewu, iLizwi. Ngaphandle koko, imivalo yamahlelo ethu iyakusoloko ibangcina abantu kude.

85 Kodwa Uyakuba ngongaziwayo namhlanje. Uyakubizwa ngento enye. Uyakwenzelwa izinto, Uyakukhutshelwa ngaphandle kweminquba. Kwaye ubusazi . . . IBhayibhile ekwanye ethe Uyakuba yindoda eyaliweyo, “iNdoda yosizi, eqhelene nentlungu,” kwaye yaliwa, “kwaye besiba Ungokhandanisiweyo nocinezelweyo kaThixo,” kwa eso Sibhalo sichaza oko. Kwa loo mprofeti uyiculayo, “Thixo Wam, Thixo Wam, UNdishiyela ni na? Amathambo aM, onke aNdijamela. Bazihlaba izandla zaM nenyawo zaM.” Xa babecula eloculo ebandleni; imiBingelelo yabo, uThixo ababecinga babemkhonza, babembethelela.

Injalo namhlanje, kwa loo Thixo!

86 Jonga akutshiloyo umprofeti, Amos, xa weza eSamari. Kwaye loo mehlo akhe mancinci ancwinwa njengoko wenyukela ngaphaya koko waza wabona lamzana usisono, abafazi belele ezitratweni, kunye nendoda, iMerika yalemihla. Xa wajonga ngaphezulu ngaphaya kwayo, amehlo akhe ancwinwa. Kwaye wayengenamntu wokumxhasa ngazimali. Wayengenakhadi labudlelwana. UThixo wayemthumile. Ingaba abantu bayakuwuva uMyalezo wakhe? Hayi, abasayi kumva yena. Kodwa waprofeta, waze wathi, “Kwa loThixo enibanga ukumkhonza uyakunitshabalalisa.”

Kwaye ndithi, eGameni likaYesu Kristu: Kwa loThixo esi sizwe esibanga ukuba, sisizwe esinenkolo, uThixo okwamnye abathi babange ukumkhonza uyakubatshabalalisa kwizikreqo zabo. Uyakutshabalalisa lonke ihlelo lisuke phezu kobuso bomhlaba, oko babanga ukukukhonza.

87 Ke, qaphela, Wabakhalimela bona, kwaye bambeka Yena ngaphandle kweminquba yabo. “UYesu weva ubunzima ngaphandle kweminquba.” BaMkhuphela ngaphandle kweminquba, ngaphandle, kude ngaphaya kweminquba yabo.

88 Sifumanisa ukuba iBhayibhile yathi, kulo mhla wokugqibela phantsi kwesi Sigaba saseLawudike, bayakwenza kwa into enye. Bayakukhutshelwa ngaphandle kweminquba.

Ngoku qaphela oko Akutshoyo ukukwenza ngoku, ekuvaleni.

"Bekwelwa ngaphandle kweminquba," apho iminikelo yayitshiselwa khona. Kulapho Angowakhona. Wayengumnikelo.

89 Ngoku, mzalwana, dade, niyazi ukuba ngamnye kuni nonke kufanele ninikele; kufanele ube ngumnikelo kaThixo; nikezela ngezinto zelizwe; nikezela ngolonwabo lwakho lwelilizwe; nikezela ngezinto zehlabathi? Uyazi isizathu sokuba abantu bangasayi kuyenza?

90 Uyazi, igusha, igusha inento enye enokunikela ngayo, kwaye leyo buboya. Kwaye, ngoku, ayicelwa ukuba ivelise okanye yenze uboya obuthile ngalo nyaka. Icelwa ukuba iveli-. . .iveza uboya.

Asicelwa ukuba senze into ethile. Sicelwa ukuba siveze isiqhamo sikaMoya. Oko yi, ngaphakathi yegusha, into eyiyo ngaphakathi, yenza uboya ngaphandle. Kwaye xa indoda inoKristu ngaphakathi, imenza ofana-noKristu ngaphandle, hayi okufana nayo okwenziweyo.

91 Kulungile, siyafumanisa xa oko kusenzeka, xa uKristu ebuya, Uphathwa njani? Kanye ngqo ngohlobo ekwakulilo ekuqalekeni. Kusoloko kunjalo.

92 Ke, Wabakhalimela kakhulu, okokuba babakhuphela ngaphandle kwiminquba Yakhe, kwaye bamenza Yena njengomoni. Ntoleyo, "Waba ngumoni endaweni yethu."

93 Ngoku, emva kwamakhulu eminyaka, ewe, phantse amakhulu amabini eminyaka, Uyityelele iminquba yabo kwakhona, ngokweLizwi Lakhe elisithembisileyo okokuba Uyakwenza kumhla wokugqibela. Utyelele iminquba kwakhona. Utyelele iminquba, ukubonakalisa eli Lizwi namhlanje.

Kanye njengoko Watyelelayo kudala kula mhla, kwaye Wenza kumhla kaMoses. YayingengoMoses owayesenza okuya; uMoses wayengumntu. YayinguKristu.

94 Jonga kuYosefu, ubomi; othandwayo nguyise, othiyiweyo ngabazalwana bakhe, ngokuba wayeyimboni. Kwaye bamthiya, ngaphandle kwesizathu. Eso yayikuphela kwesizathu abanokumthiya ngaso.

Umfuziselo ogqibeleleyo namhlanje, ngokuchanekileyo. Ibandla, kwakhona, liyithiyile into eyiyomoya.

Kwaye siyafumanisa ukuba wathengiswa phantse ngamaqosha angamashumi amathathu esilivere, ukuqikelela ukuba ufile. Wathatyathwa wafakwa kwindlu yentolongo; njengoYesu wayesemnqamlezweni. Indoda enye yalahleka, kwaye enye indoda yasindiswa; kwaye wathatyathwa apho wasiwa ngasekunene kukaFaro. Ngokuchanekileyo ingohlobo uYesu wenziwa ngayo.

95 YayinguDavide, kwaye wahamba ngezitrato, elila, ukumkani owaliweyo; kwaye wahlala phezu kwentaba, elilela iYerusalem. Lowo yayingengo Davide. UNyana kaDavide, iminyaka embalwa elikhulu emva koko, wahlala phezu kwenduli enye kwaye walila ngokuba WayenguKumkani owaliweyo phakathi kwabantu AbangaBakhe. NguKristu, okokoko.

Kwaye, namhlanje, xa kuprofetiwe ukuba uKristu kufanele eze eminqubeni, niyazi ukuba kwenzeka ntoni? Iyakuba kanye ngokuchanekileyo njengoko yayinjalo ngoko. Ifanele ukuba ngaloo ndlela, ukuzalisekisa oko iLizwi apha elikuthembisileyo ukuba Uyakwenza.

96 Ngoku khumbulani, uKristu wayekwisigaba sikaNowa. Lowo yayingu Kristu, "uYesu Kristu nguye izolo, namhlanje, naphakade," elaliweyo iLizwi leyure.

97 Qaphela, kunye nesiprofeto Sakhe seSityilelo 3, kufunyanwa, xa Esiza kulomhla wokugqibela, njengoko Eprofetile ukuba Uyakuza kulomhla wokugqibela. Kwaye Walifumana njani ibandla eLawudike? "Lityebile, aliswele nto." "Kwaye lihleli njengekumkanikazi kwaye lingenakubona lusizi." "Kwaye Limkhuphela ngaphandle kwebandla," alinanto yakwenza Naye. Waphumela ngaphandle eminqubeni kwakhona. Kodwa lalingazi ukuba lalize, liyimfama, kwaye liludwayinge; kwaye lingazi nto.

98 Kwakhona, ukuba Uyeza kwakhona kwangendlela enye njengoko Weyenjalo ngoko, Ebeya kukhalimela wonke umfazi onxibe ezimfutshane. Ebeya kukhalimela wonke umfazi ophothe iinwele, wonke oqabe ubuso, yonke indoda eyakube incinci kakhulu ivumele umfazi enze lonto. Ebeya kwenza njalo. Emva koko Ebeya kukrazula lonke ihlelo ebelikho apho, kwaye ophule zonke imvumo nkolo esasinazo. Niyakholelwa ukuba Ebeya kuyenza? [IBandla lithi, "Amen!"—Mhl.] Ngokuqinisekileyo ebeya kuyenza. Injalo lonto.

99 Bebeya kwenza ntoni Ngaye? BaMkhuphele ngaphandle eminqubeni. Ngokuqinisekileyo bebengasayi kusebenzisana naYe. Hayi, mhlekazi!

100 Ngoku siyamfumana Yena kwakhona, kulo mhla, njengoko iBhayibhile ithe Uyakubanjalo, akhutshelwe ngaphandle kweminquba. Ngokuba Wasoloko ehlala ekwa nguye, iLizwi, ikwa nguye izolo, namhlanje, naphakade.

101 Aba—abamfuni Yena. Bamala Yena kwakhona, ngamaqumrhu abo. Babeyakukhetha, namhlanje, njengoko benzayo ngoko xa Wayesematyaleni. Kwaye namhlanje, xa iLizwi lisematyaleni, yintoni eyenzakayo? Bala kwakhona njengoko benzayo ngoko, baza bamkela uBharabhas, umbulali, endaweni kaKristu. Iqumrhu liyakwenza kwa into enye. Kwaye, namhlanje, ngokuba belalile iLizwi kunye

nokungqinelwa okugqibeleleyo kweyure, bathengisile baze bakhetha uBharabhas, iQumrhu leeCawa zeHlabathi, umbulali weLizwi. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

102 Bayaliphika iLizwi Lakhe, baphika ubhaptizo Lwakhe, baphika aMandla Akhe, baphika imiqondiso Yakhe. Kunye nemvumo nkolo okanye isithethe kwakhona, ukunxitywa ikhola eguqulweyo, nayo yonke into, bezenza iimvumo nkolo, nanjalo njalo, bazama ukuyenza, phezu kwemisebenzi elungileyo. Babenganyulelwanga eBomini, into yokuqala. Abananto banokukholwa ngayo.

"Lowo undaziyo Mna, wazi uBawo Wam. Kwaye njengoko uBawo eNdithumile, ngokunjalo Ndithuma nina." UThixo othume uYesu waya kuYesu. Kwaye uYesu okuthumayo uza ngaphakathi kuwe. "Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi eNdiyenzayo uyakuyenza naye. Hambani ngoko kulo lonke ihlabathi, nishumayele iVangeli kuyo yonke indalo," omnyama, tyheli, mhlophe, mdaka, nokuba angaba njani. "Le miqondiso iyakulandelelana nabo bakholwayo." Kude kangakanani? "Lonke ihlabathi, kwaye kuso sonke isindalwa."

103 Umlungiseleli omncinci woBhaptizi, kungekudala kakhulu eTucson, weza kum, wathi, "Mzalwana Branham, nantsi ingxaki yakho. Uzama ukwenza lena isigaba sabapostile." Wathi, "Akukho nto inje ngesigaba sabapostile namhlanje. Isigaba sabapostile sagqitha."

104 Ndathi, "Injalo? Andikhange ndiyazi."

Ngoko wathi, "Kulungile, injalo."

Ndathi, "Uqinisekile?"

Wathi, "Ngokuqinisekileyo. Ndiqinisekile," watsho.

"Kulungile," ndathi, "ucinga njani ukuba igqithile?"

Wathi, "Yayi yeyabapostile."

105 Ndathi, "UPetros wathi, ngoSuku lwePentekoste. Uyalikholelwa iLizwi lakhe?"

"Ewe, mhlekazi."

106 "Wathi, 'Guqukani, nonke ngabanye, nize nibhaptizelwe eGameni likaYesu Kristu. Ngokuba eli dinga likuni, nakubantwana benu, nakubantwana babantwana benu, nakwabo bakude, nakwabaninzi eyakuthi iNkosi uThixo wethu ibabize.'"

107 Eli dinga linye, sifanele sibuyele emva kulo! UGqirha Simon Petros wabhala ummiselo. IBhayibhile ithe, "Ingaba akukho mafutha aqholiweyo na eGiliyadi? Ingaba akukho gqirha na khona?"

Kulungile, niyazi, ukuba nithabatha imiqathango kagqirha. Xa efumana isifo esisemzimbeni wakho, aze abhale lamimiselo; kungcono uyizalisekise, fumana oyena

menzi mayeza unguye uyakuyizalisa kanye ngendlela ebhalwe ngayo. Ngokuba, kufanela afake ityhefu engako, kunye nangako amayeza obuhlungu, kangangoko umzimba wakho unokuthabatha. Uyabona, u . . . Sele izanyiwe kwaye yapasiswa, kwaye kufanele uthabathe la mmiselo. Ukuba akuyenzi, ufumana ugqirha womkokotelo oyakuhamba ayokubhanxa ngoko, ongaziyo ukuba yenziwa njani imilinganiselo kakuhle, uyakukubulala. Kwaye ukuba ufaka okungonelanga kakhulu ngaphakathi, ayisokuze ikuncede.

108 Kwaye yiloo ngxaki kunye noogqirha benu abaninzi. Nibhanxa naloo mmiselo!

UPetros wathi, "Ndiyakuninika ummiselo wanaphakade, owenu, nakubantwana benu, kunye nabo bakude, nakubaninzi eyakuthi iNkosi uThixo wethu ibabize." Hayi, "Yiza uzimanye." Kodwa, "Guqukani, nonke ngabanye, nize nibhaptizelwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono, kwaye niyakwamkela iziphumo," amen, "uMoya oyiNgcwele. Ngokuba idinga, lo mmiselo, ngowenu, nakubantwana benu."

Ngoku, abanye benu boogqirha bomkokotelo, yekani ukubhala lomimiselo ikhohlisayo. Yabona? Nibulala abantu benu. Uh-huh. Seso sizathu eyona Nto yenene ingafikiyo kubo. Ewe.

109 Niyazi, kwakulo mmiselo mnye, indlela ugqirha alifumana ngalo iyeza lakhe. Basoloko bethabatha kwaye . . . Abenzululwazi bazame ukuqikelela into ethile, emva koko bayinikezele kwinto yokulingwa, baze babone ukuba iyayibulala okanye hayi.

Kwaye emva koko, niyazi, iyeza, linethuba lokuzanywa. U, ungaphila, kwaye ingakubulala, yabona, ngokuba bonke abantu abafani nento zokulingwa, mhlawumbi.

Ke, kodwa kukho into enye malunga nalo mmiselo, ungowomntu wonke.

110 Kwaye, ngoko, wonke owenene ugqirha ongasayi . . . onokholo oluninzi kwiyeza lakhe, akasokuze acele omnye umntu. Abanye babo ngamagwala kangangokuba abanakulinika isigwebo sobomi ibanjwa, baze ngoko bamkhulule ukuba uphile ngaphezu kwaso, myeke athabathe ummiselo.

111 Kodwa, kule ndawo, sasinoGqirha wenene. Uyeza, wathabatha ummiselo, Ngokwakhe. Yabona? "NDINGUYE." Hayi, "Ndiyakuba." "Ndiluvuko kunye noBomi," utsho uThixo. "Lowo uthi akholwe kuM, nakubeni ebefile, kodwa uyakuphila. Kwaye lowo usukuba ephila kwaye akholwe kuM akasayi kufa." UMarta wathi . . . Wathi, "Uyakholwa wena koku?"

112 Wathi, "Ehe, Nkosi, ndiyakholwa ukuba Wena unguKristu obefanele ukuza ehlabathini. Akukhathaliseki nokuba kukangakanani abaninzi abakubiza ngako Wena, ndiyibonile!"

113 EKhalvari, Wathabatha isitofu, Ngokwakhe. Kwaye ngentsasa yePasika, ukufa zange kubenakumbamba Yena. “Ndiluvuko kunye noBomi.” Batofa ukufa kuYe, kodwa Wavuka, noloyiso ngaphezu kokufa, isihogo, kunye nengcwaba. Wathabatha isitofu, Ngokwakhe.

Kwaye Wathumela oogqirha abathile ukuba babhale ummiselo, ababenesityhilelo sokuba waye eNgubani Yena.

“Bathi abantu Ndingubani mna Nyana womntu?”

114 UPetros wathi, “Wena unguye uKristu, uNyana kaThixo ophilayo.”

115 Wathi, “Usikelelwe wena, Simon. Uyifumene ngoku. Ndikunika izitshixo zasebuKumkanini. Nantonina osukuba uyibopha emhlabeni, Ndiyakuyibopha eZulwini. Ukuba uyakhulula emhlabeni, Ndiyakukhulula eZulwini.”

116 Kwaye ngoSuku lwePentekoste, xa babona konke oku kusenzeka, wathi . . . Bathi, “Singenza ntoni ukufumana esi sitofu?”

117 Apha wafunda ummiselo. Wathi, “Ngoku ndizakubhala ummiselo. Ngowakho, nakubantwana bakho, nakwabo abakude, nabaninzi eyokuthi iNkosi uThixo wethu ibabize.”

Sukubhanxa ngommiselo; uyakufa! Bawenza buthathaka, namhlanje, de ingabi yonto kodwa amanzi ehlelo, injalo, amanye ayengeyenge amafutha abawatofa kumntu ofileyo ukumenza afe ngakumbi.

Owu, kodwa, mzalwana, kukho intambiso yenene! Akhona amafutha aqholiweyo eGiliyadi. Ngawokunyanga umphefumlo. Nje sukubhanxa ngommiselo. Thabatha ummiselo kanye nje ngalendlela obhalwe ngayo, kwaye uThixo ubophelelekile eLizwini Lakhe; akabophelelekanga kuvumo nkolo, okanye imigaqo, okanye amahlelo. Ubophelekile eLizwini Lakhe. Landela ummiselo, leyo yinto yokuqala. Qala apho, emva koko ubhalisiwe kwaye ulungele ukuya emsebenzini.

Qaphela, “ngaphandle kweminquba.”

118 Bakhethe uBharabhas namhlanje. Xa iVangeli igqithile umva naphambili, kwilizwe jikelele, imiqondiso emikhulu kunye nezimanga ilandelelene nemvuselelo, kodwa, endaweni yokuza baze bazame ukuyenza, bazimanya kanye noBharabhas. “Ngaphambi kokuba sibe nale mfitshimfitshi, kunye nanjalo njalo, ebandleni lethu, siyakuba ngabodidi njengabo bonke.” Ngoku baneRoma kunye nabo bonke behlanganisiwe, iBharabhas. Qaphela, ngoko siphaya kulaminquba mikhulu.

119 Simenyiwe ukuya ngaphaya kweminquba. “UYesu naye, ukuze Abangcwalise abantu ngeLileLakhe iGazi, weva ubunzima ngaphandle kwesango. Masiphume ke ngoko siye kuYe ngaphandle kweminquba,” qaphela, “sithwele ingcikivo Yakhe.”

120 Wayengcikivelwa ntoni Yena? Hayi ngokuba WayengumWisile okanye umBhaptizi, ndiyakukuqinisekisa ngoko; hayi ngokuba WayengumFarisi okanye umSadusi. Ngokuba WayeliLizwi elingqinelweyo.

121 "Sithwele ingcikivo Yakhe," nge (ntoni?) iLizwi elingqinelweyo. Injalo lonto. Leyo yinto Awayenzayo. Wathi, "Ukuba Andiyenzi imisebenzi kaBawo Wam, musani ukuNdikholelwa; ukuba Andiyompendulo kuyo yonke imibuzo yeZibhalo."

122 UYesu weTestamente Entsha wayenguYehova weNdala. Ngokuqinisekileyo ichanekile! Ndiyakholwa, njengoko bendinixelela apha ngoku, ngaxesha lithile eligqithileyo, okanye ndaweni ithile emhlanganweni. Isenokuba yayingekho apha. "UYehova weTestamente Endala nguYesu weNtsha." Niyayikhumbual i—i—i . . .

Xa ndandisiya kuzingela onomatse ngala ntsasa, kwaye nantso ilapho, zona ezintathu ezikhulu iziqu zihlangana phandle phaya, kanye entabeni; mna ndimi apho ndijonge kuyo. Kwaye ndasondela ndothula umnqwazi wam, ndabeka phantsi umpu wam, ndenyukela phaya. Kwaye iLizwi lashukumisa imithi, lathi, "UYesu weTestamente Entsha nguYehova weNdala. Hlala unyanisekile." Kanye ngaphantsi phaya kulapho oonomatse babonakalayo, emva koko, babakho xa kwakungekho nomnye apho. Yabona? Leyo yiNyani. Yabona? Yinyani. Ke, uThixo uyazi, lowo ndime phambi Kwakhe, yiNyani yayo. Injalo lonto. YiNyaniso.

123 Ezantsi kanye eKentucky; kwaye kukho abantu abahleli kanye apha ngobubusuku, ababekho xa yenzeka kwakhona, into enye. Ewe. Siyazi ukuba leyo yiNyaniso; uYesu weTestamente Endala!

124 Nje ngaxa abantu bamaTshayina beza ngapha okokuqala, babengakwazi kufunda nakubhala ulwimi lwethu, kodwa babengabahlambi mpahla abakhulu. Kwaye ke babeya . . . Ubuya kuhla uye kwindawo yokuhlamba impahla yamaTshayina. Ebefumana nje elingenanto, elincinci elimhlophe ilaphu. Wayengenakho ukufunda nanto, kwaye ebesazi ukuba akunakuyifunda ukuba uyibhalile. Ke, xa usiza, uthabatha nje eli lincinci elimhlophe iphepha, into ethile *ekolu* hlobo, athi, kanye apha, kwaye alikrazule ngendlela ethile *ngolo* hlobo. Ngoku, akunike esinye isijungqe sephepha, aze angcine esinye isijungqe sephepha. Kwaye xa ubuyela impahla yakho, uthi, "Ndibonise isijungqe sephepha lakho." Kwaye awafumane; ukuba iyalungelelana, ibiba yiyo. Ufumana impahla zakho ezimdaka zicocekile.

125 Kwaye uYesu walungelelana naso sonke isiprofeto; wonke umfanekiso kaYehova weTestamente Endala nguYesu weNtsha. Walungelelana nento yonke.

Mandikutsho oku ngokoyika kobuthixo nangentlonipho, kodwa uthando, kodwa ukunyaniseka kokwazi apho ndimi khona. UMyalezo waleyure ulungelelane nayo yonke into iBhayibhile eyithethileyo ngale yure. Ngoku, ukuba ufumana impahla ezimdaka, zijikise. Uh-huh. Ingaba uhlanjiwe eGazini leMvana?

126 Qaphela, "ukuthwala ingcikivo Yakhe," ngoba Waye liLizwi elingqinelweyo. Njenga ngoko, kunjalo nangoku, Use nguye izolo, namhlanje, naphakade. AmaHebhere 13:12 kunye 13. Sifumane amaHebhere . . . 8, 13:8, kananjalo. "Sithwele ihlazo Lakhe," lweVangeli.

127 Sithwele iGama Lakhe! Wathi, "Ndize eGameni likaBawo Wam." Ngubani iGama likaBawo? Uze eGameni likaBawo Wakhe. Wathi, "Ndize eGameni likaBawo Wam naza anaNdamkela." Ke ngoku? Ngubani iGama likaBawo? Ndicinga kufanele wazi. Yabona?

Ukuthwala ingcikivo yeLizwi. Yayisoloko ithwalelwa ngaphandle kweminquba yabo. BaYijikisela ngaphandle. Uyakuhlekwa, wenziwe intlekisa.

128 Kwaye, namhlanje, apho ndaqalisayo ukunqumla isizwe . . . Hayi kukuthetha ngesiqu sam; nceda sukucinga ukuba ibhekisele mntwini. Kodwa, ixesha lam liphelile, kwaye ndina malunga neshumi lamaphepha apha. Ningabona okuseleyo apha, yabona, yabona, kulungile, kokubhaliweyo. Kodwa, phulaphula. Ukuqalisa . . .

129 Uyaqwalasela xa uYesu Waqalisayo? "Owu, uRabhi omncinci. Owu, WayeyiNdoda emangalisayo! Yiza ngapha kweyethu indlela. Yiza ushumayele kuthi."

130 Kodwa ngenye imini Wahlala phantsi kubo, waza Wathi, "Ngaphandleni kokuba nidle inyama yoNyana womntu, nisele neGazi Lakhe, aninaBomi kuni."

131 Ucinga ukuba oogqirha kunye noongqondo-ngqondo besihlwele bacinga ntoni? "Le Ndoda lizim." Yabona? "Ifuna nisele igazi lomntu. Oko kungaphezu kwethu. Mkani kuYe. Aba—ababingeleli bathi Uphambene; ndiyayikholwa." Kwaye iBhayibhile yathi bemka.

132 Emva koko Waba namashumi asixhenxe abashumayeli abathanjisiweyo. Kwaye Wathi, "Andinakuba nabo."

Ke Wabheka bheka wajonga kubo, Wathi, "Niyakuthini xa nibona uNyana womntu enyukela ngasentla eZulwini apho Asuka khona?" Ngoku, Zange azicacise ezi zinto. Waziyeka nje. Yabona?

133 Kwaye bathi, "Nyana womntu? Intoni? Sitya kunye neNdoda. Siloba Nayo. Silala ezitulweni Nayo. Siwubonile

umondlalo wobusana Awayebhambhazelwa kuwo. Siyamazi umama Wakhe. Siyamazi umzalwana Wakhe. Ngubani onokwamkela into efana Nale?"

Kwaye iBhayibhle ithe, "Abazange baphinde bahambe Naye kwakhona."

134 Emva koko Waguqukela kuPetros nakwabanye, wathi, "Ndinyule ishumi elinambini, nina balishumi elinambini." Ngoku, ukusuka kumawaka, Uhlile ukuya kwishumi elinambini. Wathi, "Ndinyule ishumi elinambini. Ngoko, omnye wenu ngumtyholi. Ndiyazile lonto, ukusuka ekuqalekeni." Wathi, "Ngoku ingaba nifuna ukuhamba kunye nabo?"

Kwakungadingeki ukuba abanese kwaye abaphulule, kwaye, "Ndiyakwenza umdikoni ukuba uzibandakanye nebandla lam." Yabona? Asingomazembe okugraya. Akazange ayicacise nokuyicacisa. Nabafundi babengenakuyicacisa.

Kodwa, ukhumbule, Wabaxelela nje, "Ndinazile ngaphambi kokusekwa kwehlabathi. Ndanimisela ukuba namkele uvuyo kunye naM." Yabona? Nantso yayilapho, "ngaphambi kokusekwa kwehlabathi," ulwanyulo lwexa elingaphambili.

135 Abo bapostilie bema phaya nje bhungxe. Babengenakho ukucacisa ukuba babezakuyitya njani inyama Yakhe kwaye basele iGazi Lakhe. Babengakwazi ukuqonda ukuba wakhe Wehla njani, ngelixa Wayelapho kanye kunye nabo lonke ixesha. Wayengenakuyicacisa. Abantu babenganakuyicacisa. Akukho mntu wayenokuyicacisa.

Kodwa uPetros wenza lomazwi aqaphelekayo. Akumangalisi nje Wamnika izitshixo. Wathi, "Nkosi, singaya kubani? Sikholiswe. Siyazi ukuba Wena, kwaye Wena wedwa, ukukungqinelwa kweLizwi elithenjisiweyo namhlanje. Siyazi ukuba Wena wedwa unaMazwi oBomi. Asinakuzicacisa ezo zinto, kodwa siyaYikholwa, nakanjani."

136 UMarta omncinci wathi, "Umntakwethu ufile. Ulele engcwabeni. Ubolile; uyanuka. Nkosi, ukuba Ubulapha, umntakwethu ngebengafanga. Kodwa nangoku, nantoni othi Uyicele kuThixo, uThixo uyakukunika Wena." Owu, bethu!

137 Wathi, "Ndiluvuko noBomi. Lowo ukholwa kuM, nakuba ebefile, uyakuphila. Nabanina ophilayo aze akholelwe kuM, akasayi kufa. Uyayikholelwa lento?"

138 Wathi, "Ehe, Nkosi. Andinakuyicacisa, kodwa ndiyayikholwa. Ndiyakholwa ukuba Wena unguKristu obefanele eze ehlabathini. Ndiyakholwa, ngeSibhalo esibhaliweyo, ukuba Uzalisekise izinga elifunekayo lako Oko."

139 Wathi, "Nimngcwabele phi?" Owu, bethu! Into ethile kufanele yenzeke. Lonke ivili liyahlangana ngexesha elifanelekileyo. Yabona?

140 Wehla waya engcwabeni. IBhayibhile ithe, “Akukho buhle bokuba siMnqwenele.” Mhlawumbi omncinci, onamagxa atsolo uMfo, wema namagxa ahlileyo, ediniwe kwaye ebulalekile luhambo.

Wathi, “Lazaro, phuma!” Kwaye indoda eyabe ifile, iintsuku ezine, yema ngenyawo zayo.

141 Umfazi weNzululwazi yobuKristu. Ndixoleleni ukuba ndivisa kabuhlungu imvakalelo zenu; andijonganga kwenza njalo. Umfazi weNzululwazi yobuKristu, kanye kweli bandla, wahlangana nam ngaphandle phaya ngenye imini. Kwaye wathi, “Mnu. Branham,” wathi, “ndiyayithanda intshumayelo yakho, kodwa kukho into oyenza kakhulu ngokugqithisileyo phezu kwayo!”

Ndathi, “Yintoni leyo?”

Wathi, “Udlisela kakhulu ngoYesu.”

142 Ndathi, “Ndiyathemba ukuba koko kuphela Anengxaki nam ngako.” Yabona? Yabona? Yabona?

143 Wathi, “Umenza Yena oNgcwele.” Yabona, abakholelwa ukuba Waye Ngcwele. Bakholelwa ukuba Wayengumntu nje oqhelekileyo, umfundisi olungileyo, isilumko. Wathi, “Umenza Yena oNgcwele. Kwaye Wayengekho Ngcwele.”

144 Ndathi, “Owu, ewe, Wayenjalo.”

Wathi, “Ukuba ndiyabonakalisa kuwe, ngeBhayibhile yakho, Akakho Ngcwele, ingaba uyakuyikholelwa?”

145 Ndathi, “IBhayibhile yam itshilo, ndi—ndikholelwa iLizwi. Yilonto Ayiyo Yena.”

Waze wathi, “Ku Yohane oNgcwele, isahluko se-11, xa uYesu wahla waya engcwabeni likaLazaro, iBhayibhile yathi Walila.”

Ndathi, “Yintoni enokwenza nalonto?”

Wathi, “Ngokoke, oko kubonisa ukuba Wangekho Ngcwele.”

146 Ndathi, “Usilele nje ukubona ukuba yayiNgubani uMntu. Ngokubini WayenguThixo kwaye engumntu. Kwaye njengamntu, walila, xa Wayelila ngenxa yentlungu yabo. Kodwa xa Wema kwaye wathi, ‘Lazaro, phuma,’ kwaye umntu ebifile, iintsuku ezine, yema ngenyawo zayo kwakhona, oko kwakungaphezulu kuno mntu.” Ewe, mhlekazi! Ewe, ngenene!

147 Kwaye ndasoloko ndisenza intetho, xa Wehla esuka entabeni ngoba busuku, elambile, Wayengumntu. Wayelambile ngentsasa elandelayo. Wayengumntu. Kodwa xa Wathatha amaqebengwana amabini kunye neentlanzi ezintlanu, waza wadlisa amawaka amahlanu, kwathatyathwa iingobozi ezisixhenxe, oko kwakungaphezu komntu. Ewe, mhlekazi. Wayengumntu, emnqalezweni, xa Walila, “Thixo Wam,

uNdishiyelani na Mna?" Xa Walila, "Ndiphe Ndisele," kwaye bamnika iviniga kunye nenyongo, Wayengumntu, elila. Kodwa ngetsasa yePasika, xa Waqhekeza itywina lokufa, isihogo, kunye nengcwaba, kwaye wavuka, Wayengaphezu komntu.

148 Wayengumntu ngoba busuku, elele kumva womkhombe omncinci apho Wayekhona phaya kunye nabafundi, kwaye amashumi amawaka eedomoni zolwandle afunga ukuba ayakumtshonisa Yena. Uh-huh. Phandle phaya kwencinci endala inqanawa, njenesiciko sebhotile khona phaya, ngolwahlobo; Wayedinwe kakhulu, ayizange imvuse nokumvusa Yena. Wayengumntu xa Wayelele. Kodwa xa Wabeka unyawo Lwakhe entanjeni yomkhombe, emva koko wajonga phezulu waza wathi, "Yithi, cwaka," kwaye imimoyoa kunye namaza amlulamela Yena, oko kwakungaphezu komntu. YayinguThixo!

Akumangalisi imbongi yathi:

> Ngokuphila, Wandithanda; ngokufa, Wandisindisa;
> Ngokungcwatywa, Wathwalela izono zam kude;
> Ngokuvuka, Wangcwalisa ngesisa ngonaphakade;
> Ngenye imini Uyeza, Owu mini ezukileyo!

149 Ewe, mhlekazi! Ukuphumela ngaphaya kweminquba. Andikhathali nokuba ixhamla ntoni.

> Lo mnqalmlezo ungcwalisiweyo ndiyakuwuthwala
> De ukufa kundikhulule;
> Emva koko ndiye eKhaya, isithsaba ndisithwale,
> Kuba kukho isithsaba esenzelwe mna.

150 Ekuvaleni, ndiyakutsho oku. Bendifunda ibali ngaxesha lithile eligqithileyo, ngomgwebi. Wayengumntu nje, umntu olungileyo, ethandwa. Kwaye kwakukho igquba labantu esixekweni ababecinga ukuba banokwenza nantoni bangenziwa nto, ke, babanokuninzi, ke bavula indlu yongongantweni, baqhuba ivenkile yotywala, utywala, yonke into enjalo. Yayingekho mthethweni. Kwaye babanjwa ngumthetho, indoda yegunya, kwaye baziswa ekundleni. Kwaye xa abantu bonke besixeko, isixekwana esincinci bahlangana, bayazi le ndoda yenze izinto ezininzi apho, indoda eyayiqhuba lendawo ingantweni. Kwaye ba—ba, umgwebi, wayifumana indoda inetyala, ngoba wayebanjwa nobungqina. Kwaye ke emva koko umgwebi wayifumana inetyala, waza wayigweba ngoko iminyaka emininzi, ngaphandle kwebheyile, ngaphandle kwesibheno okanye nanye into, wamthumela, ngokuba yilonto umthetho wawuyitsho.

151 Abantu ngaphandle kwenkundla bamleqa, baza bathi, “Uyazi intoni? Wonke umntu kwesi sixeko uyakukuthiya!” Bathi, “Bakuthiyile ngokwenza esa sigqibo ngala ndoda.” Bebengabangcakazi bonke, ngokwabo. Kwaye bathi, “Si—siyakukuthiya sonke. Asisayi kukonyula kwakhona. Asisayi kuba namnye uzakuvotela wena,” bamxwaxwa njengoko esihla ngestrato.

152 Kwaye wema nje okomzuzwana, wathi, “Mandikhe ndibe nelizwi.” Yathi, “Ndenze kanye oko kungumsebenzi wam. Indoda ibinetyala, akukhathaliseki nokuba ibingubani. Kwaye ndifanele ndiyigwebe ngokomthetho endifungileyo ukuba ndiyakuwugcina.”

Wathi, “Uthiyiwe kwesisixeko!”

153 Wathi, “Ndithandwa kakhulu ekhaya, ngabantu bakuthi.”

154 Singacinga into ekwanye, ukuba uyakuyixolela intetho. Ndimele oko ndisindiselwe ukuba ndikwenze, ukungcina eli Lizwi likaThixo. Ndiyazi ukuba amahlelo andithiyile ngezinto endizitshoyo, kodwa ndithandwa kakhulu eNdlwini Yakhe, phakathi kwabantu Bakhe.

Masithandaze.

155 Nkosi Yesu, singathiywa lihlabathi, kodwa abathandwayo nguBawo. Sincede, Thixo othandekayo. Nceda aba bantu, okokuba ngamnye kubo, Nkosi, ukuba iintsikelelo Zakho ziyakuphumla phezu kwabo. Masiye ngaphaya kweminquba ngoku. Masiye ngaphaya kokucinga kwethu. Masihambe ngokucinga kukaThixo. Kwaye iBhayibhile ikutshilo oku, “Yibani nalengcinga yayikuKristu.” Ke masicinge iingcinga Zakhe, hayi ukucinga kwethu, ngokuba ngamaxa amaninzi siphosile. Ke, ukuqiniseka, ingcinga Yakhe mayiphumle phezu kwethu. Kwaye ingcinga Yakhe yayikukwenza intando kaYise, kwaye intando kaBawo liLizwi Lakhe elithenjisiweyo.

156 Masiphumela ngaphaya kweminquba, ngobubusuku, Nkosi, size sifumane uYesu. Asisokuze siMfumane ngokuzibandakanye necawa. AsinakuMfumana ngokuxhawula izandla kunye nomshumayeli, okanye—okanye ngokutyikitya isivumo kholo esithile, okanye into ethile esiyithembisayo, ukuya kwisikolo sangeCawa iintsuku ezininzi ngonyaka, nanjalo njalo. Singamfumana Yena kuphela eLizwini, ngokuba UliLizwi.

157 Kwaye njengnoko siwubona lo mhla uthenjisiweyo, wokuba Uyakuba ngaphandle kweminquba, akhutshelwe ngaphandle kwakhona; ngoku masiphumele ngaphandle kweminquba, silungele ukuthwala ihlazo Lwakhe; abathiyiweyo belihlabathi, kodwa abathandwayo Balowo Usimemele eMinqubeni. Siphe oko, Nkosi.

158 Ukuba kukho abo apha abangamaziyo Yena, kwaye bengazange baya ngaphaya kweminquba yokumanywa

necawa, koko ubanga ukuba ungumKristu. Kodwa xa usithi, “Ezi zinto, ndiyakholwa, zezomnye umhla,” oko kubonisa ukuba ayinakuba nguMoya oyiNgcwele.

Angathini umntu ozaliswe nguMoya oyiNgcwele abhaptize ukubhaptiza esebenzisa igama lika “Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele”? Xa, uPawulos, umpostile omkhulu, wathi, “Ukuba iNgelosi isuka eZulwini . . . ” Kungabe uyenzile lonto, ngaxesha lithile, ungazi namnye umahluko. Abo bantu bayenza, bengazi mahluko, kwiZenzo 19. Kodwa wathi, “INgelosi ishumayele nantoni eyahlukileyo, mayisingelwe phantsi.”

Ungayomkela njani imvumo nkolo, okanye i-ism, enye into ethile engenye, xa iBhayibhile ithe, “Idinga likuni,” lento inye, “ubhaptizo lwenene lukaMoya oyiNgcwele”?

159 Ungathini uMoya oyiNgcwele, owabhala iLizwi, ube kuwe, uphike iLizwi? AngaLiphika njani, xa wona kanye Moya oyiNgcwele Ngokwawo wathi, “Ukuba nabani uyakongeza igama elinye koKu, okanye asuse nantoni koKu, Ndiyakususa indawo yakhe eNcwadini yoBomi”? Ungathini uMoya oyiNgcwele emva koko ukususa nantoni na eLizwini, okanye wongeze nantoni na eLizwini?

160 Sihlobo, abalapha ndaweninye nabakwilizwe elingabonakaliyo apho iteyiphu iyakuya, bengabonakali kuthi ngoku, mayingene nzulu lonto entliziyweni yenu ukusuka kulo Myalezo wale ntsasa kwimfundiso, sibona nje apho sikhoyo. Ukuba zange okwakaloku nje uthabathe lo mmiselo endiwuthethileyo kwithuba eligqithileyo, awunakukhe uwamkele? Silapha ukwenza yonke into esinakho siyenzela, ukunceda wena.

161 Ndilingqina nje. Ndingumonyulwa nje. Njengoko sinaye eLouisville ngoku, i—iDemocrat Convention yase Kentucky, i . . . Bakhele umntu wabo iqonga ukuba onyulwe. Nam ndakhela iqonga iNkosi yam. Awunakukho umamkele Yena, ngobubusuku, njengowakho?

162 Ngentloko zethu ziqutyudiwe, nentliziyo zethu, ngokunjalo, ngeli thuba, ungaphakamisa nje isandla sakho kwaye uthi kuThixo. Hayi mna; ndingumntu nje. Phakamisela isandla sakho kuThixo, uthi “Thixo, yiba nenceba kum. Ndizifuna ngenene zonke ezi zinto endithe ndeva ngazo. Ndifuna ukuphumela ngaphaya kweminquba. Andikhathali nokuba nawuphi uthini.” UThixo akusikelele. Bethu, kwizandla, kwizandla! “Ndifuna ukuya ngaphandle kweminquba. Nokuba indixabisa ntoni, ndiyakuthabatha umnqamlezo wam kwaye ndiwuthwala mihla yonke. Ndiyaphumela ngaphaya kweminquba. Akukhathaliseki nokuba abantu bathini malunga nam, ndifuna ukulandela Yena ngaphandle kweminquba. Ndikulungele ukuhamba.”

163 Bawo waseZulwini, Uyazibona ezo zandla. Mhlawumbi amakhulu abantu, okanye ngaphezulu, esakhiweni, bephakamise izandla zabo. Nkosi, kukho Nto ithile esondeleyo kubo ngoku, omnye uMntu, uMntu kaKristu, ongabonakiliyo kwiliso lenyama, kwaye ubabangele ukuba benze isigqibo. Ebomini babo, bayazi njengoko bejonge esipilini, bayabona ukuba kukho into ethile ephosakeleyo. Kwaye bafuna ubomi babo bubunjwe ngokwesithembiso sikaThixo, kwaye baphakamise izandla zabo ngokunyaniseka okunzulu. Bancede, Nkosi, ubase kwisango elikhulu ngobubusuku, kwisibaya sezimvu. Banga bangeza ngobumnandi nokuthobeka. Siphe oko. NgabaKho, Nkosi. Qubisana nabo.

164 Ngoku, bebengenakho ukwenza esa sigqibo, bebenganakho kuphakamisa isandla sabo, ngaphandle kwento engaphezu kwendalo. Ibonisa kukho ubomi phaya ndaweni ithile. Ngokuba, ngokwenzululwazi, udotso lomhlaba liyakugcina izandla zethu ezantsi. Kodwa bekukho into ethile ethe yabetha ingqondo yabo, ebenza badela umthetho wodotso mhlaba baze baphakamisela izandla zabo kuMdali obazisileyo. “Ewe, ndifuna ukwenza ngokuzinikela. Ndifuna ukuphumela ngaphandle kweminquba, ngobubusuku.”

165 Nkosi, iqula lilungele intshukumo yokuqala emva kwenguquko, emva koko kubhaptizwe, kwaye idinga lokwamkela uMoya oyiNgcwele. Kulo mhla wokugqibela, ubizela emva kwisiqalelo soKholo, ummiselo wasekuqalekeni! Sibona abantu abaninzi besimka kuKristu, besifa phantsi kwale mimiselo yenziwe ngabantu. Ingaba ilungile kumahlelo abo, kodwa, Nkosi, ndi—ndifuna ummiselo Wakho.

UnguGqhirha wethu. Ukhona uGqirha. Akhona amafutha aqholiweyo eGiliyadi. Kukho uMnyangi apha, ngobubusuku, ukuba aphilise wonke umphefumlo ogula sisono, aphilise sonke isiqu senyama. Gqirha eliKhulu lawo onke amaxesha, Mdali omkhulu wamazulu nomhlaba, yiza ngoku, Akunakho, phakathi kwethu, uze uthethe nathi. EGameni likaYesu Kristu.

166 Ngelixa ngamnye ethandaza entliziyweni zabo, “Nkosi Yesu, ndincede ngoku!” Kwaye ukuba zange wabhaptizwa, kwaye wanelisiwe. . . Andikhange ndishumayelo ngobhaptizo. Kodwa wanelisiwe ukuba ufanele ubhaptizwe kubhaptizo lobuKristu, kuphela kwendlela nawuphi umKristu. . .

167 Kungathini ukuba unganyukela uye Phaya, ubhaptizwe ngenye indlela, kwaye kwa uYesu Owathi, “Lowo uyakususa iLizwi libe linye, okanye ongeze ilizwi libe linye, kwalowo kuyakususwa indawo yakhe kwiNcwadi yoBomi”? UYesu wakutsho oko. Kwaye Wathi, “Zonke iZibhalo ziphefumlelwe kwaye kufanele zizaliseke.” Ngoku uyazi umohluko. Uyakwenza ntoni malunga nawo?

168 Ukuba nje ube nemizwa okanye into ethile! Ndiyakholelwa kwimizwa. Ukuba ungqungqe ukuMoya, wathetha ngeelwimi! Ndiyakholelwa koko, nam. Kodwa ukuba kuko konke okupheleleyo, kwaye umoya wakho ngaphakathi kuwe ukuxelela ukuba ungalilandeli iLizwi xa usazi ukuba Lilungile, kukho nto ithile engalunganga kunye nala moya. AsingoMoya oyiNgcwele. Ayinakuba njalo. Yabona, Iyakuchaza iLizwi ElileLayo. Uyayazi lonto. Ungalungiselela ukuza ngoku ngelixa sithandazayo.

169 Yesu waseNazarete, sondela ngoku kwaye uthethe kwintliziyo yonke. Ndibanikela kuWe. Banga banga . . . Zonke ezi zandla, zizithsaba zoMyalezo, Nkosi, zisuka kuWe, kunye nendili Yakho enkulu eKhoyo phakathi kwethu ngoku. Wonke umntu onovakalelo kuMoya angaxela ukuba Ulapha, okukuvakalelwa kukhulu kokundiliseka. Siphe oko, Nkosi, kanye ngoku, eGameni likaYesu Kristu.

Ngoku ngentloko zethu ziqutyudiwe.

170 Ukuba kukho mntu apha ongathanda ukubhaptizwa eGameni likaYesu Kristu, ofuna ukuguquka, ofuna ukufuna ubhaptizo loMoya, kukho igumbi elivuliweyo ekhohlo lam; abafazi, ekunene. Kuyakubakho mntu uthile phakathi phaya ukuba akunike imiyalelo. Kukho iidyasi zokubhaptiza zilindile, yonke into.

171 Ngoku, ngelixa singcine iintloko zethu ziqutyudiwe, sicula. "Ndiyeva owam . . . " Siyakudibana nani.

UKUPHUMELA NGAPHAYA KWEMINQUBA XHO64-0719E
(Going Beyond The Camp)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngeCawa ngokuhlwa, ngoJulayi wama-19 ngowe-1964, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2015 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org